Lirolelwa 3s 6d nge Kwata (itunyelwe ingekapeli).

—:o:—

Unokuhlaulela wonke Unyaka ngo'<utumela 13s 6d nangalipina ixesha lonyaka.

Izaziso Zabazelweyo, Abatshatileyo, ne Mipanga, 1 rolelwa Is. ngexesha ngalinye ezingene ngalo.

IMVO ZONTSUNDU

NELISO LOMZI

NATIVE OPINION.

"IMVO ne TOLE" LIPUMA

NGOLWESI-TATU

IVEKI ZONKE

Litunyelwa kwindawo zonke apa ema Zantsi-Afuka, e Yerepe, nase Melika.

Lijonge Ilungelo Lomzi kupela.

Limele imfanelo ya Bantsundu ngapandle koloyiko.

Alicaluli Sizwe nalu Nqulo.

Vol. XIV. No. 727]

KING WILLIAMS TOWN, CAPE COLONY, TUESDAY, OCTOBER 18, 1898.

[IXABISO 3d.

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territory.

IZAZISO ZAKOMKULU.

ZISHICILELWA NGE GUNYA

INTSHUMAYELO,

NGU MHLEKAZI U SIR ALFRED MILNER.

Umnumzana we Grand Cross Wodidi Olubalulekileyo lo Saint Michael no Saint George, Umnumzana Ongumpati Wodidi Olubekekileyo lwe Bath, Iruluneli Nompati Oyintloko we Koloni Yomntan' Omhle ye Cape of Good Hope e South Afrika namazwana, nezibhaxa zawo, Nompati Owongameleyo Womntan' Omhle, njalo njalo, njalo njalo, njalo njalo,

EKUBENI kute kwafumaneka kum okokuba kuko kumazwe Absntsundu apakati kwemida yale Koloni, into eninzi yemali ze silivere, esezikutukile, ezingafanelekileyo, ezidlekileyo, nezonakeleyo: nase kubeni kufuneka imali zolohlobo zinqunyanyisiwe ekusetyenzisweni: nase kubeni Ulaulo Lomntan' Omhle lute ngenceba lwavuma ukwananisa ezomali zonakeleyo zinjalo ngezi lungileyo nezifanelekileyo, zamaxabiso azo.

Ke ngoko, pantsi nangamandla amagunya nemfanelo ezipezu kwam, ndiya shumayela, ndixela, ndisazisa, oku kulandelayo:—

1. Ukususela, nasemva kosuku lwale Ntshumayelo kude kusekuqukwa nosuku lwamashumi amatatu ananye ka March, 1899, nayipina imali Yomntan' Omhle ye silivere, ekutukileyo, engafanelekileyo, edlekileyo okanye eyonakeleyo esetyenziswa kulomazwe Abantsundu akankanyiweyo angapakati kwemida ye Koloni njengoko kuxeliweyo yi Ntshumayelo Yomhlekazi Iruluneli No 25 yomhla we 3 ku February, 1882, elunge nokuba kukubanina okona, iya kwamkelwa yananiswe ngemali ezilungileyo ze silivere Zomntan' Omhle, ezifana nazo kwane zelo xabiso lazo, kwi Ofisi neyalipina isebe le *Standard Bank* apa e Koloni.

2. Onke Amagosa Akomkulu, Abasebenzi, Abapati, kwa Nabahloli, nabanye abantu abase mgunyeni bayaqukwa ukuba bazise ngokubanzi le Ntshumayelo kubo bonke abantu abapantsi kwabo, okanye abanokuhlangana nabo, ukuze bati abantu abanjalo bazazi bakauleze ukuza kwananisa ezomali zikutukileyo, zingafanelekileyo, zidlekileyo, okanye zonakeleyo bafumane imali zesilivere ezilungileyo ngohlobo oselukuxelwe ngentla'pa.

3. Amagosa alo *Standard Bank* aya kuba nelungelo lokumangala ukwamkela ngokutshintsha njengoko sekukankanyiwe nakuyipina imali esel' ikutukile, ingafanelekile, yonakele, yaye lonto ibisenzelwa inkohliso, umhlaumbi ukuze ibe nokwamkelwa yona yonakele njalo ngemali elungileyo nefanelekileyo ye silivere esetyenziswayo ngoku, okanye yonakele ingasenayo nemfano, nenka- ngeleko yemali ekoyo ngoku.

TIXO SIKELELA INKOSAZANA !

ISAZISO.

IMIHLABA EZINGAMATYALA.

E QONCE.

KUYAZISWA kubo bonke abantu okokuba, ukuba irafu esekufuneka ihlaulwe yeminyaka emibini engapezulu kwezindawo zikankanywa ngapantsi apa, ayihlaulwanga pakati kwenyanga ezintatu ukususela kolusuku, u Rulumente uzimisele ukuyicima i Taitile, aze umhlaba awutatele kuye ngokwe Siqendu sesibini Somteto No. 27 ka 1887.

Oko kwenziwe pantsi ye sandla sam Nesitampu sale Koloni ye Cape of Good Hope, ngalomhla wokuqala ka September, 1898.

A. MILNER.

Umntu owanikelwa yena lomhlaba kuqala ngu Jim Tshako Usuku lwe Taitile November 21, 1881. Ukucazwa komhlaba, Lot No. 5, Ububanzi, 14 morgen 560 rq. rds. Apo ukona: kumlanjana ongu Mgqwara kwa Qoboqobo. Ityala lerafu £18, yexesha lokususela kwi 21st November, 1896. Elive stampu 2/- Igama lomntu obhalwe kuye ngu Koppy Jantjes.

Imihlaba Elahliweyo.

ISAZISO SAKOMKULU.—No. 743, 1898 *Kwi Sebe Lokulima, Cape of Good Hope, 17 August,* 1898.

KUYAZISWA kubo bonke abantu, ngo- kwesiqendu sokuqala Somteto we Miblaba Elahliweyo," ongu No 3 we 1879, owahlonyelwa yimiteto No. 24 ka 1887, No. 15 we 1895, okokuba ezi ziqwenga zila- ndelayo zemihlaba, zikumandla wage Qonce, sezinjenge lahliweyo ngokomteto, nokuba u Rulumente uyakubuye azitabatele kuye ngomhla we 16 FEBRUARY, 1899, ukuba pambi kwelo xesha akubanga ko bayibangayo, bahlaule nerafu ezityala kumantyi walo mandla, njengoko kufuneka njalo kwesi siqendu sesikankanyiwe salo mteto.

J. SPRIGG

254, 1898 Kwi Ofisi ye Mantyi, E Qonce, September 1, 1898.

E. GARCIA.

Civil Commissioner.

Umntu owanikwa yena lomhlaba kuqala ngu Peter Polo; usuku lwe Taitile ngu- mhla we 13 July, 1869, ukucazwa komhla- ba ; Isiza Lot 1 Block E Pirie; ububanzi 32 poles; intsimi lot 94, ububanzi 6 acres ityala lerafu £3 2s 6d, ukususela 1st January, 1893. Umntu obhalwe egameni lake Peter Polo.

CHARLES CURRY,

Mbhali Ongapantsi kwi Sebe lokulima.

komhlaba ukumandla wase Qonce obalelwa ukuba ulahliwe.

Umntu owanikelwa yena lomhlaba William Boezak, usuku lwe Taitile 20 February, 1896, ukucezwa komhlaba, Isiza Lot 2 Block C Mt Coke, ububanzi 32 Poles, Intsimi Lot 36 Mt Coke, ububanzi 6 4 Acres irafu elityala £3 2s 6d ukususela ku 1st January, 1893 Umntu obhalwe egameni lake William Boezak.

Umntu owanikelwa yena lomhlaba Uswele usuku lwe Taitile 20 February, 1868, ukuca- zwa komhlaba; 1s za Lot 8 Block A Mt Coke, ububanzi 32 Poles, Intsimi Lot 40

Umntu owanikelwa yena lomhlaba Ngora Mngadi, usuku lwe Taitile 12 December, 1890, Isiza Lot 40 Dikidikana, ububanzi 141R 107F, irafu elityala 15/ ukususela lst January, 1893. Umntu obhalwe egameni lake Ngora Magadi.

Umntu owanikelwa lomhlaba yena David Ntabeni ; usuku lwe Taitile 15 August, 1887, ukucazwa komhlaba, Isiza Lot 9 Block O, Peelton, ububanzi 14IR 70F. Intsi- mi Lot 7, Block B Peelton ububanzi 1 M 534R 112F, irafn elityala £3 2a 6d ukususela lst January, 1894. Umntu obhalwe egameni lake David Ntabeni.

Isaziso Sakomkulu.

No. 813, 1898.

Kwi Sebe Lokulima Cape Town, 12 September, 1898.

KUYAZISWA kubo bonke abane Ziqiniselo zokuba bangaba Nini bezi Qwengana zomhlaba eziku mandla wase Xalanga, ezibalulweyo ngezantsi apa, ukuba ngapandle kokuba babekuzo ngokwabo, elowo kwesake isiqwengana, njengoko kufuneka njalo ngoko Mteto we Siqendu Sesibini weziqiniselo zabo, kwixesha LENYANGA EZINTATU ukususela kusuku Iwesi saziso, lo mihlaba iya kutatyatwa kwa- ngu Rulumente ize inikwe kwabangayibangayo abate bamkelwa.

CHARLES CURREY, Umbali

Ongapantsi kwi Sebe Lokulima.

Audit Folio 15, Lot No 17, igama lomni- niwo Jacob Gqamana, ububanzi 7 1/2 morgen, usuku lwesiqiniselo 6 May, 1892.

Audit Folio 24, Lot No 36, igama lomniniwo Nasani Ngqubu, ububanzi 5 morgen usuku lwesiqiniselo 6 May, 1892;

Audit Folio 33 Lot No 46, igama lomni niwo Moss Wennaar, ububanzi 6 morgern usuku lwesiqiniselo 6 May, 1892.

Audit Folio 35, Lot No 81, igama lomniniwo Joseph Walters, ububanzi 3 morgen, usuku lwesiqiniselo 11 May, 1892.

Audit Folio 47, Lot No 57, igama lomniniwo Sibani Adams No 2, ububanzi 8 morgen, usuku lwesiqiniselo 11 May, 1892.

Audit Folio 95, Lot No 171, igama lomni niwo Loni Tyakiwe, ububanzi 7 morgen, usuku lwesiqiniselo 9 June, 1892.

Audit Folio 96, Lot No 172, igama lomni niwo Lindani. ububanzi 5 morgen. Usuku lwesiqiniselo 9 June, 1892

Audit Folio 99, Lot No 175. Igama lomniniwo Stephen Frederik. Ububanzi 8 morgen. Usuku lwesiqiniselo 9 Jure, 1892

Audit Folio 177, Lot No 225. Igama lomniniwo William Lama. Ububanzi 7 morgen. Usuku lwesiqiniselo 25 August, 1892.

Audit Folio 185, Lot No 378. Igama lomniniwo Klass Masiza. Ububanzi 8 morgen. Usuku lwesiqiniselo 25 August, 1891.

Audit Folio 190, Lot No 384 Igama lomniniwo Samuel Yolo. Ubabanzi 10 morgen Usuku lwesiqiniselo 25 August, 1892.

Audit Folio 194, Lot No 89. Igama lomniniwo Richard Rise. Ububanzi 5 morgen. Usuku lwesiqiniselo 27 October, 1892

Audit Folio 203, Lot No 475. Igama lom niniwo John Africa. Ububanzi 10 morgen. Usuku lwesi Qiniselo 16 December, 1892.

Audit Folio 246, Lot No 478., Igama lomniniwo Elsie Piet. Ububanzi 5 morgen. Usuku lwesi Qiniselo 16 December, 1892.

Audit Folio 302, Lot No 225. Igama lomniniwo Philip Fenga. Ububanzi 10 morgen. Usuku lwesi Qiniselo 22 Decem- ber, 1892

Audit Folio 334, Lot No 116 Igama lomniniwo Stephen September. Ububanzi 6 morgen. Usuku lwesi Qiniselo 22 Decem- ber, 1892.

Audit Folio 334, Lot No 183. Igama lomniniwo Jan Qali. Ububanzi 15 morgen. Usuku Iwesi Qiniselo 22 December, 1892.

Audit Folio 375, Lot No 113. Igama lomniniwo Charles Ngqase. Ububanzi 4 morgen. Usuku lwesi Qiniselo 22 Decem- ber, 1892.

Audit Folio 387, Lot No 97. Igama lomniniwo Daman Johannes. Ububanzi 3 morgen. Usuku lwesi Qiniselo 22 Decem- ber, 1892.

Audit Folio 392, Lot No 189. Igama lomniniwo Tyes Gunuza Ububanzi 12 morgen. Usuku Iwesi Qiniselo 22 December, 1892.

Audit Folio 420, Lot No. 576. Igama lomniniwo Thomas Lambata. Ububanzi 6 morgen. Usuku lwesi Qiniselo 28 December, 1892.

Audit Folio 441, Lot No 562. Igama lomniniwo Booy Guma. Ububanzi 6 morgen. Usuku Iwesi Qiniselo 28 December, 1892.

Audit Folio 446, Lot No 564. Igama lomniniwo John Jongqo. Ububanzi 5 mor. gen. Usuku lwesi Qiniselo 28 December, 1892.

Audit Folio 528, Lot No 682. Igama lomniniwo Simon Mateza. Ububanzi 6 morgen. Usuku lwesi Qiniselo 7 January, 1893.

Audit Folio 539, Lot No 671. Igama lomniniwo Elias Binase. Ububanzi 6 morgen. Usuku lwesi Qiniselo 7 January, 1893.

Audit Folio 546, Lot No 676. Igama lomniniwo Edw rd Pumlwana. Ububanzi 4 morgen. Usuku lwesiqiniselo 7 January, 1893

Audit Folio 557, Lot No 683. Igama lom niniwo Mateza. Ububanzi 10 morgen. Usuku lwesiqiniselo 7 January, 1893.

Audit Folio 775, Lot No 206. Igama lomniniwo John Mehlo. Ububanzi 10 morgen. Usuku lwesiqiniselo 23 January, 1895.

Audit Folio 810, Lot No 598. Igama lomniniwo Mzwekufa. Ububanzi 8 morgen. Usuku lwesiqiniselo 22 April, 1895.

ISAZISO SAKOMKULU.—No 863, 1898

Kwi Ofissi yo Mpatiswa Koloni, Cape of Good Hope, 29 September, 1898.

LUMKANI.

UKUNYANZELWA KOKUBHALWA KWABAZELWEYO NABABHUBILEYO

Abanga kwenziyo ukubika kwa Rulumente Abazelweyo Nababhubhileyo baya la- nyukiswa apa okokuba base sicengeni soka. mangalelwa pantsi ko Mteto No. 7 ka 1894 wobhalo lwaba Zelweyo naba Bhabhileyo.

Ukuchazwa kweadlela zolubhalo, nemimi- so yomngcwabo, iziqiniselo zama- Gqira, njalo njalo, zonke ezinto zinokufunyanwa nakuyipina i Mantyi, Obambele Umbhali, Umncedisi wo Mbhali, Ifelkorneti, Igosa le Polisa, Umpati we Posi, Umpati we Stishi sika Loliwe.

NOEL JANISCH.

Umbhali Ongapantsi we Mpatiswa Koloni.

Isaziso Esibalulekileyo se Bhunga LOMZI WASE QONCE.

Ngo Qapulo

NGENXA yokufuna ukutintela ukuziswa kwengqakaqa kwesi Siqingata, i Kansele yale dolopu yenze amalungiselelo okuqapula bonke abazisileyo, NGAPANDLE KWE NTLAULO. Uqapulo olo lobako yonke imihla emva kwedinala pakati kwe yure zo 2 no 3, kwi Ofisi ye Gosa Lempilo, e Town Hall.

Ngomyalelo,

SAMUEL W. SCOTT,
Town Clerk.

Town Office

W. JEFFERY

AND CO.

Babonisa impahla yokuqala efikileyo yokuvela kwehlobo neyehlobo.

Imiqulu emitsha Yelokwe,
Impahla entsha evela e Manchester,
Imiqulu emitsha yempahla yokunxiba,
Impahla entsha kwigumbi elingapakati,
Ikausi ezintsha nayo yonke impahlana encinane,
Iminqwazi emitsha, kunye nezinto zokuyihombisa.
Impahla entsha yentlobo zonke.

Ngamanani nangokulunga azina- mpahla apa kwele mbokotwe:

YIZA UZIBONELE

KUTUNGWA

Ilokwe eziodolweyo ngamanani adelekileyo
Ilokwe zokutshata zifelulekile
Abafuna ukwenzelwa impahla ziqalela kwi 42/, i suti

W. Jeffery & Co.,

E KIMBILI.

YINTO ENINZI IMPAHLA ONGAKETA KUYO.

John Lumsden and Co.

(KUMZI WO LUMSDEN).
EGCUWA

BANOVUYO ukunqwenelela Izihlobo Zabo Ezintsundu nabaxasi umnyaka wokonwabo nonempumelelo entle. Impumelelo kwizihlobo zetu Ezintsundu iteta impumelelo kumsebenzi wetu esiwuquba nabo nge nzondelelo ngo kubanika amaxabiso angawo " ahlaulwa kwaoko " nakuzipina intlobo zempahla zokurweba ezitengisayo. " Umzi wetu " uyakusoloko uzele zimpahla zentlobo zonke ezilungelelene nabahlobo beta abantsundu. Ngokukodwa sigeina Impahla epeleleyo yokutshata eyo mtshakazi nomyeni, i Wedding Cake ne zonka njalo njalo. Sinqwenela ukuti kanjalo kwizihlobo zetu ezintsundu sifikelwa zonke ezinyanga zimpahla eziza nenqanawa zivela e Scotland nase England zitengwe kona kwezondawo zenziwa kuzo nge Cash Nempahla zetu BO ZETU EZINTSUNDU mazike zize kuziqondela oku, zitenge konke ezikufunayo. Tina sotenga intlobo zonke ze mveliso ngamaxabiso ape- zulu ase Malikeni xa bayizise kuti.

JOHN LUMSDEN and CO

E GCUWA.

(Oko kukuti Imalike Elungileyo, ngabula " Penny Mall.")

JOHN W. BAYES & CO., Grahamstown.

Ivenkile Enkulu ene Varanda,

(Ekoneni ye Bathurst Street ne Bala le Tyalike ka Bishop).

SIBHENGEZA into eninzi yentlobo ngentlobo YEMPAHLA ETSHIPU nelungele elixesha Lonyaka eku Rwebeni ngayo, ngoluhlobo :

I German Print, ezona, 6d iyadi; Keleko Emtubi iqalela 2 1/2d iyadi; Emhlope i Keleko iqalela 2 1/2d iyadi; Izigqubutelo ze Ngcawa 3 3/4d iyadi; Imiqulo yokwe i Shiti ezicikiziweyo, 1s iyadi; Imiqulo yokwenza i Shiti ezine Mivambo. 1s iyadi; Izabhalala, 2s 6d sisinye; Ingcawa ekutiwa zi " Mattross" aqalela kwi 8s inye; i Flanelette, 3d kuye kwi 6 1/2d iyadi; Imiqulu yokwenza i Hempe, 6d kuse kwi 9d iyadi; Iprinti Ezimhlope ne Daki, 3d kuse kwi 9d iyadi; Ilokwe ze Mozlin Emhlope, 4 1/2d iyadi; Imatrasi, 4 1/2d kuse kwi 1s iyadi; Sinento eninzi ye Tyali Zoboya, amanani aqalela kwi 3s kuse kwi 20s inye.— Isuti Zamadoda, 21s, Ibhulukwe ze Twidi, 3s 6d ; Ibhulukwe ze Kodi, 3s l1d ; Ihempe Zamadoda Zokusebe- nza is 6d inye; Ihempe Zamadoda Ezimhlope, ziqalela kwi 2s 9d ; Ishuzi Zente- netya, 2s 11d; Idyasi Zamadoda, ziqalela kwi 8s lid -Iminqwazi Yamadoda ye Stroyi, iqalela kwi Is ; Ikausi Zamadoda, ziqalela kwi 6d i pair; Izambrela Zama- nenekazi, ziqalelakwi 1s; Ezamadoda, ziqalela kwi 2s 6d.

Impahla Yendlu: Sine Tafile, Izitulo, i Komityi, Ilampu, njalo njalo, ezitshipu.

Impahla Yokutshata, Yokubekwa Izandla, Ilokwe,—Sihlell sinentlobo zonke, ezilungele abantu bonke,

Ningalibali ukuza e Venkileni yetu apo Impahla Itshipu. Amanani azo aba- lwe ngokucacileyo, asinakuze sibize amanani ngamanani ngento enye.

J.W. BAYES & CO, e Rini.

The New Jagersfontein Mining and Exploration Co,

(LIMITED).

JAGERSFONTEIN MINE

The General Manager Intimates that able and strong men will find work.

Good Wages, Food Free, and Good Treatment.

The Singer Manufacturing Company

EKUBENI imise i Arente e Qonce ngoku, inoku fumanisa nalupina uhlobo alufunayo umntu lwe

SINGER SEWING MACHINE

Ngendlela kuqala yokuqeshisa kurolwa 10s. ngenyanga, ade umtengi aye kufikela kwixabiso layo. Amaxabiso e Mashini zezanula aqalela kwe £7 anyuse, kwapulwa 10 per cent, xa imali irolwa kwaoko; oko kukuti 2s. epontini.

o Mashini bayamelwa ixesha elitile ekuyakuti ukuba wonakele ngapambi kwalo alungiswe ze. Ne Arente zinoku bafundisa abatengi indlela yokusebenzisa i SINGER SEWING MACHINE. Zonke incwadi ezibuza ngazo ne odolo kwaba- zifunayo zobhekiswa ku

M. *ARTZ, Queen Street, King Wm's, Town.*

UMLILO! UMLILO! UMLILO!

KUMLILO obute tapu kwizitora zo DYER no DYER.

TYALI.

Edemeshekileyo. Sizitengisa ukususela kwi *3 6* inye Lituba elihle lokufamana ityali elungileyo ngemali encinane.

Sisand'ukaqaqa ekasi ezine mfumba entsha ye MINQWA- ZI yetu edumileyo eyi " Tali-Ho," inani zi 3/6 Umnqwa- zi ongumangaliso ongowelo nani.

IMPAHLA YE BHOLA

yeli xesha sinalo. Impahla yetu yeyona inintshi kweli lase Maxoseni. Onobhala be Bhola kunga balungela bebhalele kuti ukuza kucela amaxabiso etu ngapambi kokuba batenge, ukuze ke babone amanani etu entlobo zonke zempahla ze Bhola

Siwatoba kakuhle amanani, ukwenzela amabuto e Bhola, saye sineyona mpahla yengcibi-

Ngelixesha sizamkele kakulu saye sinoku bonisa uluhlu oluhle lwentlobo zetu ezintsha ezintsha ezi 5d ne 6d nge yadi—ezibanzi nezitambileyo. Sibalele sikutumele isa- mpulu, sokwenzi oko ngeposi yokuqala.

OWEN & THOMSON, E Qonce

TRANSKEI PIONEER COMPANY,

[LIMITED].

(Isekwe pantsi Komteto we Komponi we 1892).

Ingxowa (Capital), £5,000; Isahlulo, £1 sisinye (kungenwa nge 2s-6d)

I Botwe (H ead Office) : TSOMO, TRANSKEI.

I Banki (Bankers) : The STANDARD BANK OF SOUTH AFRICA.

INJONGO (OBJECT).

LUJONGE ukutenga imihlaba, izindlu, iziz.a, ukwaka izindlu, ukuzikulula nokuzilungisa ziqeshiswe, mhlaumbi zitengiswe kwakumalungu, etc.

QONDA — Luhlangabeza isikalo sokunqaba kwemihlaba nezindlu, lujonge ukupumelelisa imizamo yabantsundu ekutengeni imihlaba nasekwa- keni izindlu ezilungileyo.

Ukufunela Abantsundu imihlaba.

Izahlulo ziqalwe ukutengiswa nge 6th JUNE, 1898.

Zonke incwadi ezingo Manyano mazitunyelwe ku Nobhala. Izioelo, ishare nge P.O.O., or Bank Note, Cheques (Izitampu Zeposi azivumelekile) nendawo ezinga zingaqondwa kutunyelwa ku Nobhala wo-Manyano.

ADDRESS TSOMO, TRANSKEI S. MILTON NTLOKO. Secretary

Royal Mail & Passenger Carts

KEI ROAD TO UMTATA.

AMAXABISO ALULA

ABANINIZO bayazisa ukuba amaxabiso bawatobe kakulu okuya kwi- ndawo zonke.

Kei Road to Umtata (Single), £3 10/-; Return Ticket, £6 6/- Ipasile ukusuka e Qonce 6d. per 1b., kuqukwa onke amaxibiso. I Arente apa e Qonce ngu

IKAYA LABANTSUNDU,

NDAZISA bonke abahambi abantsundu pakati kwe Komani ne Cala ne Ndwe. Ukuba ndigcina I-Kaya Labahambi e Lady Frere (Cacadu). Abantsundu bamkelwa ngobubele obukulu. Impato intle.

Nalo ekungeneni ngakwi Post Office. Yiyona Hotele yokuqala epata kakuhle Abantsundu. Nakuya kuyo.

UMNINILO NGU

THOMAS SKINNER.

COMMERCIAL HOTEL, LADY FRERE

IKOMPONI ENTSHA YASE JAGERSFONTEIN

MBA NOKUPANDA. LIMITED

Umngxuma wase Jagersfontein

Amadoda apilileyo, awomeleleyo owusUsa umsebezi.

Imivuzo lyamkeleka kutyiwa kwakona nempato mile kakulu

Itamsanqa kuma Fama Antsundu

AMAFAMA antsundu akazi ukuba azayekele indyebo ngokungayilimi ITSHIKILI- Isetyenziswa Kakulu apa e Koloni ngabantu abamhlope nabantsundu. Ngamawaka waka eponti zobunzima be Tshikili ezivela kwaraanye amazwe ziza kweli, kanti inako ukulinywa. I-akili kweli iyalingenisa i shumi leponti.

Lixesha lokulinywa kwayo eli u SEPTEMBER no OCTOBER, emva kwemvula. Ilinywa kumhlaba omvungumvungu. Ayityiwa zinkumbi, ayingenwa nayi rusi. Yinto yokulinywa kengoko ngamafama antsundu. Make ilingwe.

S. SALOMON

Ukuba ufuna eyona mpahla ilungileyo nge Mali yako yiza ko

BAKER, BAKER, and CO.

KING WILLIAMS TOWN (E-QONCE).

ILOKWE EZIKETIWEYO EZINTLE

40in. ze Dress Material zamabala, 1/- nge yadi

40in. ze Melton Cloths, zimabala onke 9d ne 10 1/2d yadi

ITYALI!! ITYALI!!

Zokwanelisa wonke umntu. Impahla eninzi yezamankazana Zentlobo zonke. Impahla yendlu njalo, njalo, enoku fu- nyanwa Kwelase Ntshonalanga.

I BLANKETI

ezinkulu zinyukile emaxabisweni ngenxa yokunyuka kwerafu zamazibuko kodwa sizimisele ukutengisa intsalela yempahla zetu zase BUSIKA ngamaxabiso amadala,

BAKER BAKER & Co

King Williams Town

I-Ofisi Yokuquba Umsebenzi Wezaziso nokunika Amacebo ngezinto;

CAMPBELL BROS.,

E QONCE nase JOHANNESBURG,

Bangababali, Nabapicoti, Nababuti bemali ezibaliweyo; Abameli EMA- TYALENI, Kwezomhlaba, EMSEBENZINI, Emafeni Ezimalini, Empahleni, Imveliso Yomhlaba; Ngabameli kwintto yonke (Commission and General Agents).

BAZIMISELE ukunyamekela youke into abajiyalezwayo, kanjalo abazingcibi kwimisebenzi yezandla, abawazi kakuhle umsebenzi wokumba emingxu- nyeni, Abasebenzi, nezicaka zezindlu ezifuna umsebenzi, abanga madoda kwana mankazana. Omhlope nontsundu *bofumana kulilungelo* ukuke bafike kwi Ofisi Abapati bemingxuma bozuza icham elikulu ngoko kwaba [Missing

I-HOTEL YASE XONXA (Driver's Drift)

(Pakati kanye kwe Romani ne Lady Frere).

R. H. FLYNN UMNINIYO

Le Hotele njengokuba isezandleni zompati omtsha nje. ite yalungiswa kakuhle, naba hambi banokufumana izinto zonke ezifanelekileyo. Itafile inezinto ngezinto, nabaququzeleli abangabo. Kugcinwa ihabile entle. Izitali zibanzi, ne grum ekuteleyo. Bonke abantu baya menywaya baye bengayi kudaniswa

Beauchamp, Booth-Co.

E QONCE.

Siyanazisa ukuba siwafezile amalungiselelo ebe siwenza sine

Mpahla Ezintsha!!

IGERMAN PRINTS, ezona zilungileyo yi 6d i yadi.

IZITAFU Ezipindiweyo (double width) intlobo zonke zamabala yi 1/- iyadi (ngamanani alula).

ITYALI ezintsha zoboya ezisandulu kufika ze- nziwe kakuhle ziqala kwi 4/- ziye kwi 40/- inye.

IHEMPI eziyi micako ezomeleleyo ye 6d, 7 1/2d, 9d, nge yadi.

ILOKWE ZOKUTSHATA esezenziwe Kade ziqala kwi £1 5s, zide yiye kwi £5, zinako noku odolwa ze zenziwa kwa oko.

IVEYILE ZABATSHAKAZI, intyantyambo.

IZIHLANGU ne SHOES nayo yonke into e- funekayo yomtshato.

Yizani Kubona Isitora setu esikulu esitsha

Beauchamp, Booth & Co

Late JOHN J. IRVINE

Yaka Umzimba

Woba uyazinqabisa esifeni. Akuko yoza ligqite i SCOTT'S EMULSION ekulungiseni umzimba otyafileyo.

Emva kwe Fiva

Umntu uyabitya abe nokutyafa, yayo ne fiva iyakumana imhla ude umzimba womelela. Kautate i

Scott's Emulsion

Onke amagqira okuxelela ukuba batinina abantu ababe bityilo betyafile ukomelela, bafumene impilo kupela ngokutata eliyeza likulu.

Amawaka Onina

Banika i SCOTTS EMULSION kwintsana zabo, bayisebenzise kuba ityebisa ilungisa igazi, iqinisekisa nokukula kosana lomelele. Akukonto iluncedo ku kohlokohlo, Ingqele kwane sifuba esingomeleleyo njengayo, ifanele ke ngoko ukutengwa

YImilwelwe Yonke.

Inokufunyanwa kubatangisi mayeza Nezitora Zonke.

LIVERPOOL AND LONDON AND GLOBE INSURANCE COMPANY.

Accumulated Funds, 31st December, 1896—E9,956,421

Income Exceeds £2,295,000 Claims Paid Exceed £33,859,000

Fire Insurances effected at Lowest Rates

Head Office for South Africa—Colonial Mutual Buildings, Cape Town
Manager—WILLIAM HAY.
Branch Office for the Frontier—Downing Street, King Williams Town
P.O. Bex 6] Local Secretary -HOWARD MARKS.

PASCOE BROS.

"Ikuba litengwa ngokubonwa " utsho u FOLOKOCO, e QONCE.

BANTSUNDU! Bantsundu!! Sicela amehlo enu apa. Kenazibona na

Impahla zetu Ezintsha eziveia e England. " Especially " ezo ZAMANENEKAZI NAMANENE.

ITYALI! ITYALI! ITYALI!

ITYALI ZOBOYA (ekutiwa zeze Velvet) ziqalela kwi 4/- zide ziye nakulipina inani elifunwa ngumntu.

ITYALI EZIMACALA SABINI ziqalela kwi 9/-. Ukuba ufu- na ITYALI yiyo le Ivenkile ofanele ukuketa kuyo. Zityali zona, inge- zizo ezo zaziwa ngokuba zeze Gusha-Bokwe (imigqakwe), zinamabala amable, ziqalela kwi 2/-.

ITYALI ZELANGA, uke wazibona?

IMPAHLA ZOKUTSHATA, apa kulapo zikona

ILOKWE ZOKUTSHATA (ngeyadi), zenziwe ngokomlinganiselo. *BATSHAKAZI*: Kangelani ukuba ILOKWE zeuu zenziwe ngu Mtungi we Lokwe wetu osand' ukuvela e England. Ukuba nenjenjalo imitshato yenu yoduma. Amagqabi Entloko, Iveyile, Izihlangu, Imi- nqwazi, Iziteyizi, Ilokwe Zangapantsi, njalo-njalo.

IQIYA ZETU ze SILIKA zise zodwa, niyaqonda kodwa?

Impahla Zabapeleki abangamankazana, Imisesane Yokutshata neyoku Ngeja (apina amadodana?), Ibrotshi, Imitya Yomqala, Amacici (egolide ne silivere). Impahla Ezizilokwe, Ikwiliti, Ifaskoti, njalo-njalo, Ikeleko, Iprinti ne Flaneleti.

Izinxibo Zamanene :

ISUTI ZOKUTSHATA Esezenziwe, nezenziwa ngokwe odolo, nangalupina uhlobo olufunwayo. Isuti ezenziwe nge odolo zase England zifika ngeveki ezi 8 okanye ezi 9. Izihlangu Zamanene ne Shoes, Ikresbanti, Amaqina ne Kolala. T Suti ze Blue Serge ziqalela kwi 15/11- Ihempe Ezomeleleyo Nezokusebenza. Imikala, Isali, ne Haltlie.

Incwadi eziflka nge Post zilungiselelwa kamsinya ngenyameko, Ipatuloni nencazelo efunwayo ziyatunyelwa kuye wonke osukuba etumele. Akubizwa nto nge Post

Ningamlibali apo nombona kona u FOLOKOCO ngesiqu (Saluf) ezantsi kwe Tyalike yama Skotshi, e Qonce. Nguye u

FOLOKOCO (INDODA.).

Isaziso Ngomsebenzi

NDIYAWAZISA umzi wakowetu opesheya kwe Nciba nopesheya ko Mbashe okokuba wonke ubani ofunayo, notandayo ukuza kwi Kontilaki (Contract) yo Messrs. A. R. McKenzie & Co, makazilungiselele ukuba eze ngokubalela kogama lingezantsi. Isemi njengokwangapambili ; nto ite yabangela ukuba kwezi- nyanga kunqunyanyiswe ukuza kwempi yindlu ebekuhlalwa kuyo ngabasebenzi — ekute kwafuneka icitiwe ukuze kwakiwe isitola ekuya kungeniswa kuso impahla ekufshwa ezinqanaweni, kwaye bekungekabiko ndlu yimbi yokuba impi ingangena kuyo. Kufuneka amadoda angengapanti kwama 300 ngoku.

J. MBASSA, Umpati-Kontileki,
Alfred Docks, Cape Town.

Ofuna ukutenga into Entsha ?

IMPAHLA ENTSHA!

NGAMANANI ALUNGELE NAMALININA ONGABA UNAYO.

IPRINTI EZINTSHA ezimabala mancinane, ezi pinki, mauve, eau-de-nil, tyeli, 6d. iyadi.

IPRINTI EZINTSHA ezimabala mahle zokutunga iziziba, 6d. iyadi IMIQULU YELOKWE ZANGAPANTSI ye Flanelette enemigca I-FLANELETTE EZINTSHA ezimabala amhlope namnyama, 6d I-FLANELETTE e pinki ebanzi ebisakuba yi 9d., ngoku yi 6d. iyadi I GERMAN PRINTI ezintsha ebizisakuba yi 9d iyadi ngoku 7 1/2d iyadi IPRINTI FZINTSHA ezi blou, ngokwe-sibakabaka nezi nevi blou, 6d iyadi

ITYALI EZIMNYAMA EZE KASHMIYA, ezintle, ezine-misebe, 6/6, 8/-, 9/-, 10/6, 14/6, 16/6

ITYALI ZE KASHMIYA ezi feyini, ezinamabala akanyayo 6/6, ne 7/6. Ezehlobo, Llama, ezingenamabala, Morone ezi Pinki, ezi Blou 5/- ezexabiso.

KAUZE KUSIVELELA.

Ubone ezona lokwe zitungwe kakuhle nezona zimfanelayo umntu apa edolopini zokutshata, ezona fishini zintsha.

KWICALA LAMADODA uyakubona eyona minqwazi ye Stroyi mihle nge 1/-, 1/6, 1/9, 2/-, 2/6. Iminqwazi etambileyo ye Felt neyo- meleleyo, 2/-, 2/9, 3/-, 3/6. Ezona bhulukwe zilungileyo ze kodi, 9/6. Ibhulukwe ezomeleleyo ze Twidi, 6/9, 8/6, 10/-. Ihempe ezilungileyo ezomeleleyo zamadoda, 1/-, 1/6, 2/-, 2/6, 3/-. I-Kre- sbanti zamadoda zitshipu, 6d, 9d, 1/-, 1/6. Ibatyi ze Kaki, zoku drila, 5/9, 6/9. Ibhulukwe ze Kaki, zoku drila, 4/9, 5/6

Zinokufunyanwa zonke kwa

GIBBERD & BRYANT,

Iziganeko Ze kaya

Abazelweyo.

MATINJWA.—U Zachariah no Susan Matinjwa bazuze umntwana oyintombazana ngomhla wa 20 ku Sept.

SIDZUMO-MAKAPELA.—Ngomhla we 26 September e Mafeking, Bechuanaland, inkosikazi ka Petro M. J. Sidzumo izuze INTOMBI. Bayapila kakuhle.

Imibiko.

XALA.—Enyanyadu, Natal, ngo 12 October, 1898, kusitele kukufa usana (Intombi) Iuka Rev. R. Xala.

NTSIKO.—Kusitele kukufa nge 24 September e Qugqwala u SAMUEL NTSIKO; ubudala bake 84 iminyaka, ebesomelele. Ebepcte iklasi ezimbini esaziquba kakuhle; umkele Enkosini. Izihlobo mazamkele lombiko.

Uyabulelwa umzi wase Qugqwala kakulu ngoncedo olwenzileyo kulomsebenzi.

JONAS. — Kwaziswa izihlobo ezikude nezikufupi ngokububa kuka GIL BERT JONAS, unyana opakati ka Jonas, kwa Mfula, Edutywa ; ububble e Rautini ngomhla we 7 ku September, 1898. Iz hlobo zake mazamkele lombiko.

MLALANDLE.—U JOSEPH MLALANDLE ubube e Zolo, kowabo. Ubeyi titshala e Ntsito mikwa Mtshabi, waza emva koko wangena ebu Vangelini. Lonke eloxesha wayese bulwolweni, kwi Circuit yase Tsomo. Ubube iminyaka yake imashumi 30, ngo 12 ku October, 1898, ngo 2 o'clock Uvume liti : "Warazulwa ngenxa yam liwa apakade." Izihlobo mazamkele lombiko.

Kufunwa

KUFUNWA umntu okwaziyo kakuhle ukupeka, abe ngumntu ofanelekileyo, wonikwa umvuzo ofane lekileyo. Abayifunayo londawo botumela ku Mrs. DUNCAN, Reserve, King William's Town.

Ezinye Izaziso

NDAZISA kubo bonke ukuba mabandibhalele ngalendlela ababhaleli bam :—

JONATHAN J. LOKWE,
Herschel.

ISAZISO.—Bonke abaxasi betu baya kunjuzwa okokuba ikwata sel' ine xesha ipelile, amabancede ngokusitume la intlaulo yabo; bati abasebefumene i accounts zabo bancede bangalibazisi Abangekazifumani bangalindi ukude ize kubizwa.

Bonisani

BONISANI.—Kulahleke e Zazulwane inkabi egwangqa yehashe, empemvu ; inqina langasemva limhlope, nelangapambili—calanye, ngasekohlo. Lino mtshiso entanyeni ongu B.F., nomnye enyongeni ongu V.T., kwangasekohlo. Olandisayo wotumela ku

THEO. NDWANDWA,
Ezazulwane.

BONISANI.—Ndicela amehlo ngomntu oseleneminyaka e 13 ete nya, a Damete Nodwele. Olandisayo wovu- zwa kakuhle nge 10s, atumele ku Jones Notyoda, nokuba kuku Poponi Mbuli, Beaconsfield, okanye kwi ofisi ye Mvo.

A Baby Lion!

Did you ever see one ? It is as playful and harmless as a kitten. You might have one with you for weeks and not suspect danger.

Bit, beware! Some day it will surely spring, and the fight for life in at hand.

It is just so with a cough. You may carry one with you for weeks and not think of danger. But the danger is there. Some day the fight will be on, and it is a question which will win, Consumption or You.

Ayer's Cherry Pectoral

promptly cures all baby coughs: but it cannot always cure the full grown coughs of the most advanced stages of disease. Yet even here it will bring comfort and case. Then use it early for acute colds, coughs, bronchitis and all pulmonary troubles.

Beware of cheap imitations. See that the name, Ayer's Cherry Pectoral, is blown in the glass of each bottle.

Kusandu Kushicilelwa Ngexabiso le Tiki (3d).

Indlela Yo-Bomi

(THE WAY OF LIFE).
—NGU—
Charles K. Hodges.
(IGUQULELWE ESI XOSENI.)
Inencwadi Ebhalelwe Abantsundu base S.. Afrika,
—NGU—
BISHOP TAYLOR,
We Methodist Episcopal Church.

Inokufumaneka ku Rev. R. LAMP-LOUGH, Wesleyan Book-Room Queen's Town. E Natal ku Rev. C. K. HODGES, Estcourt. Nakwi Ofisi ye Mvo, King Williams Town.

Rev. W. HUNTER, umbhali
" Womhlobo wabashumayeli uti
" Izimvo ezikule ncwadana zezi zifuneka kanye kwaba Ntsundu ndaye ndikolwa ukuba ubuko bayo bovelisa okulungileyo."

Itestamente Endala.

NGEMIBUZO NEMPENDULO

NGU

REV. W. A. GOODWIN, M.A.

Yaguqulelwa esi-Xoseni ngu Alfred B. Jele

Inokufunyanwa ngoku kwi Ofisi Mvo, nge l/6; nge Post, 1/9.

(NELISO LOMZI).

NGOLWESI-BINI, OCT. 18, 1898.

AMADODA NGQE

ICALA lobu Rulumeni obutsha kuvokula ukuba lanelisiwe , ukuba iqumru elitsha lolaulo lelamadoda ngqe, ngengqondo yobuciko, nangesitozela. Ngezindlela
ligqite le kwelipumileyo. Nabeca la elingelilo elawo bayavuma ukuba lo ngomnye wo Rulumeni abom leleyo abaka bamiswa kweli lizwe

ASINAMATANDA ukuti lo ngomnye wo Rulumeni a- MAYELANA NABA b ahle abakebako.

NTSUNDU Ucapule kakulu kumadoda antliziyo nazimvo zaziwayo ukuba zitanda imfanelo yodwa, kungakubo abamhlope bodwa, kodwa nakwa bantsundu. Enjalo nje lamadoda ngazingqondi nengcibi zokuteta ePalamente—siteta o Mrs SCHREI- NER MERRIMAN,SAUFR, u' SOLOMON. Nangapandle koko asingawo madoda anokukohliswa bani. Amabini kuwo ake amangala izitulo zinemali, atabata iminqwazi apuma ebu Rulumenini ngendawo amise inyawo kuzo. Ubani ubengade ati lamanene angeniswe embusweni ukuba kuqondiswe ukuba ulaulo olutsha lunoluvo ngakwindibilili yontsu- ndu olukweli lizwe. Asititizi uku- ti olulaulo lwalamanene lulolokute-njwa siti bantsundu, alungede luli-nganiswe nalo olupumayo, ebe ku ngeko nempunde le yobekungatiwa ungoteni namalungelo abantsundu ebungeni lake.

OYI NKULU, angaba ebeyi- nto ayiyo ngakuti bantsundu, kodwa ungo MR, SCHREINER mnye wabafume ne ukuqonda okutsha kuleminyaka itabatela kwiyelenqelo kufunza kuka Dr. JAMESON, ingqondo embangele ukuba abone ukuba azinto zanto izinto ezibe zimahlule ukuba angabi nakusebenza namadoda angowabo namhlanje—siteta izimvo ngenqubo yobu- lungisa kuti. Namhla kwicala lika Rulumeni ipelile into yokwenziwa nkulu inqubo ngakuntsundu, into emayijongwe ngamadoda ampunga m'bi nanenqushekane emsebenzini wolaulo anjengo Mr. RHODES. Yiyo lonto anako ukuaebenza kaku- hle nabahlobo betu u MR SCHREINER, esimnqwenela ukuba lontsebenzo injalo ingayeye xesha elide, neya- kuvelisela i Koloni intsikelelo. Ngabangakwaziyo ukulandela inguquko yenqubo yezinto abasenentiyo endala ngakuye.

ASINANTO ininzi singaba sayiteta ngo Mr. MERRIMAN. Makwanele okutetiweyo siti ungexesha ebeku MR. MERRIMAN nyulwa, sicacisa

ubulungisa bake obudala

ngakowakowetu umzi zokuba

namhla uzilahlile izimvo zake

ngakwa bamnyama, utande

wataba ta eze Bonti. Singasuke

siti abebesitsho bebebangwa kukungamtabata

kakuhle into ayiyo, okanye bezenze imfama

zabumini ngengqondo, kuba ngezizatu ezitile

bekungayikulunga ukuba bayivume inyaniso.

Kuluvuyo kuti, ngenxa yamalungelo abantu

bakowetu ukuba abe usequmrwini lolaulo, kuba

sisazi ukuba elapo nje into zelakowetu icala

zigcinakele.

KWANANGO Mr. SAUER singateta esesikutete ngo MR. SAUER. Mr. MERRIMAN.

Kude kwalunga bengene bobabini nje, ukuze omnye abe yintonga ese kosi yomnye. U Mr. SAUER ngeyiba namhla nguye oyinjojeli kwicala lalo Rulumeni, ukuba angazikanyezi

ngokumela amalungelo ontsundu naxa kukubi, akabi mhle ke kulo. Iqondiwe ngoku into yokuba ubengazenzisi, ubemele ubulungisa, qwaba; yiyo lonto aaeaeleleyo kwakuye

awakowabo. Akaroxanga kuluvo lwake kakade; aaye tina sicinga ukuba akuko

nantonina engambanga uku- ba alulahle. Singa angaba nempumelelo entle kwindawo angene kuyo yokongamela ololiwe nokwenziwa kwemisebenzi enjengeyemicancato.

U HON. ALBERTUS JOHANNES HERHOLDT, Um- u MR. HERHOLDT. patiswa
Lulimo omtsha ngumfo esamazi kwakudala, engekubi nanto ne Palamente. Lifama elilunge kwiaiqingata ease Murraysburg —umfo onokusiteta Isingesi kwa njenge
Sibhulu, ungomnye waba hlala ezinyaweni zika Professor KYD ngemfundo
Ngokupola ko luvo ngakwabantsundu, uludidi lwa- ma Bhulu ekutiwa alungile,
nesihlalo Ebandla usifumene ngobo bulungisa. Bangamkumbula aba nye xa siti nguye lowo
waye ngu Mongameli we Komishini eyayi Picota Into Zentsebenzo kunye no Mr. ORPEN.
Yaye iyakumvasa okunye into yokuba umteto apa odumileyo Wotywala ka Mr. INNES,
ubumana ungeniswa nguye kwi Bandla le Ngwevu yonke leminya ka.
Yindoda esitonga sinjalo ke le ipatiswe Ulimo, ikwangumlimi oba- lulekileyo.
Abafuyi bafumene indoda eyakuvelana nabo kanye. Ukwalatelwa kwesi sihlalo kuka Mr. HERHOLDT kuyenye yembasa ezincamisileyo zolu laulo lungeneyo
Ngo Hon. R. Solomon, GQ, asingeteti nto u MR SOLOM intsha ngaye ko wakowetu umzi
Ungunyana womfundisi u Rev. EDWARD SOLOMON,
obubele bukulu owayese Nyara, umninawa ka Mr. Saul Solomon.
Ukumela imfanelo kuti bantsundu kusegazini. Yonke inquyake e Palamente ikubonisile oko.
Ngumfo onesitonga kumzi

omhlope oma Ngesi, ngenxa yenyaniso. ekwaziwayo ukuba waqutywa yiyo nokuba kwi Palamente ecita keleyo avotele ukuqetulwa ko Sr G. SPRIGG angazanga wadlelana naye Kobe buhlungu kuti aku ngafumani situlo kolunyulo lugqitileyo, emakube kuko ilungu elivumileyo ukumshenxela indawo ukuba angene embusweni. Ukungeniswa kwake kuwo kutsho lwapupuma uvuyo kweyetu imibilini, esingata- , ndabuziyo ukuba kuyakuba njalo . kuwo wonke umzi. Ngokusondeza elugageni abanumzana abahle kuti njengo Mr. SOLOMON aba lombuso tina usitimbile. Ubungena kubabhetele ubumiswa ngabantsundu ngokutanda kwabo.

ULUVO lomzi — noma Ngesi—lolo-kwaneliswa ngu ULUVO LOMZI. lo Rulumeni, esi- kolwa ukuba wenziwe ngabom ukuba atabate ama Ngesi nama Bhulu abuhle bungatandabuzekiyo, ukuba kucitwe kamsinyane oluluvo lokutiyana kwe zontlanga Sesimana ukuti azi u Mr. INNES uyakutinina njengokuba uluhle olungebahlobo bake angeka bambani nalo nganto, ludwele lwe njenje namhla kwelinye icala, saye sisazi ukuba luzimisele ukwenza amagaqa amahle, ukuba baze badane , abanga inga zizabokwe nokuboxa impato yabo bangevaniyo nabo kuba bengamtandi u Mr. RHODES

Impawana

Imiteto yase Monti.

Imantyi yase Monti iyaligqugqi- sa i Bunga Lomzi kona. Igwebele i Netevu isbumi leponti ngokubanjwa ingenapasi ngemiteto eti imantyi iga- badele kweye Nkosazana. I Bhunga libhenele ezijajini. Lemiteto ye Bhunga lamatshinitshini yase Monti iruqule, yaye ilihleba iqela. le Liki elikomkulu hkona. Azi ingantle into yokuba Icala liki Rulumeni lipaka- mise ukuqelulwa kwale miteto iba-ndezela amawetu, ize ele Liki limelwe kuyixasa!

Intshumayelo ze Rona.

Umfundisi wase Tsomo, u Rev. C. S. Lucas, ubelapa e Qonce nge Sabata egqitileyo, equba intshuma- yelo zika Rona kwabamhlope base Wesile. Kungaluvuyo ukubako kwake kuwapembelele ngakumbi ama Ngesi alapa entweni zomsebenzi ka Tixo kubahedeni, kuba kujinga eku- hlanjululweni kwabo ukuma komse- benzi we Lizwi nowe lizwe. Ngati eyabantsundu i Rona ingangexesha lentlanganiso ye Sinoti eyakuba lapa ngo January ozayo.

Urulumeni Omtsha

Kumiswe u Rulumeni omtsha oke- twe kumanene ecala laba Roreli baka Sir Gordon Sprigg. Lowomsebenzi ube ntsuku mbini usenziwa, abengezwa amagama amadoda alatelwe umsebenzi ngolwesi Hlanu, October 4. Lamanene ke:—

NI:—HON. W. P. SCHREINER, M.A., Q C., M.L.A.

UMPATISWA NDYEBO :—HON, JOHN X. MERRIMAN, M.L.A.

UMPATISWA LOLIWE NO KWAKA HON.

J. W. SAUER, M.L.A

UMCAZI-MTETO : — HON, RICHARD SOLOMON.

UMPATISWA-LULIMO : — HON. A. J, HERHOLDT, M.L.A.

IPAKATI ELINGAPETE MSEBENZI HON. DR. TE WATER, M.L.A.

AMANANI EMALIKE.

E MONTI.

Ngolwesi Ne. October 13—Imbotyi ezimhlope 21s 6d ne 24s nge 100 leponti, Inya- ma yenkomo 6d ne 8d ngeponti, Ibhotolo 1s 9d ne 3s 7d ngeponti, Amadada 2s 6d ne 3e 9d lilinye, Amaqanda ls 1d ne 1s 6d nge dazini, Inkuni 7s ne 35s ngeflara, Inkuku 2d ne 3s 8d iLye, Umbona 13s 9d ne 14s nge 100 leponti, Inyama yegusha 7d ne 9d ngeponti, Lorenji 1s 6d ne 11s 6d nge 100, Inyama yehangu 7d ne 9d ngeponti, Ama- tanga 4s ne 10s 6d ngedazi- i.

—o—

E JOHANNESBURG.

Ngolwesi Hlanu, October 14—Umbona 21a 6d ne 22s 6d nge 100 leponti, Amazi- mba 20s 6d ne 23s 3d n-e 100 leponti, Inku- ku 3s 10d ne 4s 4d inye, Amadada 4s 5d ne 4s 10d lilinye, Amaqanda ls 9d ne 2s 2d nge dazini, Icuba 10d ngerolo, Inkuni 60s ne 120a ngeflara, Ityuwa 8s 6d ngengxowa.

—o—

E BHAI.

Ngolwesi Hlanu, October 14—Imbotyi 15s ne 19s nge 100 leponti, Ibhotolo ls 9d ne 2s 6d ngeponti, Amaqanda ls 3d ne ls 9d ngedazini, Inkuni 25s ne 3s ngeflara, Inku ku 1s 6d ne 2s 6d inye; Amazimba 9s ne 10s 6d nge 100 leponti, Umbona 9a ne 10a 100 leponti, I orenji 3s 6d ne 6s nge 100, Itapile 15s ne 20s nge 100 leponti, Amata- nga 6d ne 9d inye.

—o—

E KOMANI.

Ngolwesi Hlanu, October 14—Ibhotolo la 6d ne 2s 3d ngeponti, Amaqanda ls ne Is 5d ngedazini, Inkuku ls 9d ne 2s inye, Amadada 2d lilinye, Umbona 9s 6d nge 100 leponti. Inkuni 18s ne 45s ngeflara, I orenji 4s nge 100.

—o—

E CRADOCK

Ngolwesi Ne, October 13.—Ibhotolo 2s ngeponti, Amaqanda 1s 1d ngedazini, Inkuni 25s ne 40s ngeflara, Inkuku 2s 3d ne 2s 6d inye, Umgubo 29s ne 30s ngengxowa, Umbona 21s nge 100 leponti, Itapile 12s ne 17s nge 100 leponti.

—o—

E RINI.

Ngo Mgqibelo, October 8 —Ibhotolo 2s 4d ne 3s 1d ngeponti, Amaqanda 1s 2d ne 1s 3d ngedizini, Inkuku 1s 11d ne 2s 8 1/2d inye, Inkuni 16s ne 45s ngeflara, Amazimba 9s 6d ne 10s nge 100 leponti, Umbona 9s 9d ne 10s 10d nge 100 leponti, 1 orenji 1s 9d ne 6s 6d nge 100, Itapile 18s 6d ne 19s 9d nge 100 leponti.

—o -

E QONCE

Ngo Mgqibelo, October 15.— Inyama ye nkomo 3 1/2d ne 81 ngeponti Inyama yegusha 8d ne 1d ngeponti, Inyama yehagu 6d ne 8d ngeponti Ibhotolo ls 6d no 3 9d ngeponti, Amaqanda la 1d ne la 5d ngedazini, Itapile 22s ne 27a nge 100 leponti, Umbona 9s 7d ne 9s 8d nge 100 leponti Inkuku 2s 5d ne 2s 9d inye, Amatanga 5s 3d ne 6s ngedazini, Inkuni 12s ne 52s ngeflara.

IFANDESI E DOHNE - Elifandesi elalingo lwesi Tatu olugqitileyo labaluleka ngoku ngabikho kakuhle kwe-mpahla- ngenxa yemvula ezazandulele, kodwa bona abantu babako kunene baye kunjalo nje bezimisele ukutenga. Yahmba emagqagaleni ke impahla. Ihamile nja zihamba pakati kwe 21s ne 36s ??? 20s Ihagu 22s ne 32s Inkabi zokuxhela E8 7s 6d inye. Kunjalo nje asiyiyo nempahla encomekayo le ifumene lamanani.

Emalanga nge Sabata

JOHN WESLEY.

[NGU REV. B J. ROSS.]

E KOLEJINI IMINYAKA ELI 14.
(Yashunqulelwa Kwelegqitileyo).

Ngo 1720 waya e Oxford. Wahlala apo efunda iminyaka emihlanu. Waqubela pambili kakulu kuba wanyulelwa ukuba abe yi titshala encedisayo ekufundiseni isi Greek, wafumana iwonga nembeko enkulu kakulu. Wahlala iminyaka esitoba epete lomsebenzi, eso- ngamela iklasi ezinkulu, equba neyake imfundo. Omnye umsebenzi wake waba ngowokuba ngumgcini-sihlalo nomalatisi xa izityudini zixoxayo. Into leyo eyamfundisa ukupata abantu nokukange'a imicimbi. Sike siqubisane nenteto eti ama Wesile la awanamfundo, engayikatalele nokuyikatalela kangakanani, bona bazama imibono nezihlabo nokutyilelwa. Akazange abenjalo u John Wesley. Wenjenje ukufunda e Oxford seleyi titshala kade :—Olo Mvulo nolwesi Bini, isi Latini nesi Griki; olwesi Tatu, i Logic ne Ethics; olwesi Ne isi Hebere nesi Arabic; olwesi Hlanu, i Metaphysics ne Natural Philosophy; olo Mgqibelo, English ; nge Cawa, Izi-balo ne Theology. I Mathematics ebezitanda kakulu, ezazi kakulu, wayefunda nazo ngamaxesha ngamaxesha. Wafunda ukuqweba amandla nengqondo nobuciko, izinto ezingafumane zicolwe; waye sebenza nzima iminyaka elishumi elinane.

UKUBHALELANA NO NINA.

Le minyaka umntu abebalelana naye, exoxa izinto, ngunina. Kwenye incwadi uti, " Ndiziva ndisiza kweyako ingcinga eti, 'Ewe, ukuba umntu ebeyakudla ubomi amakulu eminyaka ebengazama ukuyazi yonke imfundo. Xeshikweni kodwa iminyaka yetu imincinane ka- ngakanana andiboni ukuba kuko into encedwayo; kufuneka umntu ezama izinto aza kubona iziqamo zazo.'" Ebe- mbalela nangencwadi abezifunda kuba intokazi leyo ibinolwazi Iwesi Latini nesi Griki ne Tiyoloji, ifunde kakulu.

Ngelinye ixesha unina wenjenje uku-mbalela mayela nemihlali neziyolo: "Yonke into enganokupazamisa ingcinga zako, inokusidambisa isazela sako, nokubanga ukuba ungabi nabudlelana no Tixo; ngalinye, yonke into efane yomeleze umzimba wako wodwa, yazi ukuba lonto isisono kuwe. Nokuba asiyiyo into embi, nokuba bako abange- nzakaliyu yiyo, kuwe xa inezo ziqamo isisono."

Mayelana namakolwane ake u Wesley uti: —Ndazimisela ukuba andisoze ndi- be nakolwane endifane ndadibana nalo ngebaqo. Ndiya kuwacikida ngamanye omadoda endiya kuqelana nawo. Umntu endiya kuqelana naye ngondimqondayo ukuba uya kundomeleza andikutaze elihambeni olubekisa ezulwini. Ongayi kuyenza lonto andinanto naye. Ute ku nina lonto ndiyayazi ukuba iyakunditsalela ingcikivo nezituko. Koko u Tixo ungowokukonzwa " kudumo olubi na koluhle.

UKUBEKWA IZANDLA.

Ute akuba neminyaka engamashumi amahlanu anesibini, abazali batanda ukuba abekwe izandla abe ngum Dikoni e Church. Watandabuza kaku- lu ezicikida, esiti lento iyoyikeka. U- nina wambalela wati: " Kufuneka uku- ba umcimbi wako pantsi kwelanga ubemnye kupela, ukukonza u Tixo, uqonde ukuba yileyo yodwa into eyiyo; engeyiyo, yonke yinkunkuma. Ndiya-kubongoza ngoko, zicikide, zifune uzi-qonde ukuba unalo na itemba elililo losindiso ngaye u Krestu. Uzifumene unalo, uyakuba neyona mihlali. Uku- ba uliswele ufanelwe ngenene zinye- mbezi." Uyise yena wati.ukuba uye
??? tandaza nge- nene, "umfundisi orwada andimfuni konke na." Wabekwa izandla wangum Dikoni ngu Dr. Potter, i Bishop yake e Oxford, ngo 1725, lowa nyaka awacele- lwa ukuba yi titshala nompati wezi tyudini e Oxford.

Ngokuzicikida nokuzivavanya, uke watanda ukumka e Oxford, ayekupata isikolwana esisentlango e Yorkshire, esiti umpefumlo wake uyapazama ku- pitizela kwezinto nabantu. Kweso si- kolo angazola xa ahleli yedwa kakulu. Bala abahlobo bake, besiti intlalo enjalo ayimfanele. Nonina wala, esiti ndihle- li ndilindele ukuba u Tixo uyakukuni- ka umsebenzi omkulu kunalo. Ngezo ziyalo weva wahlala.

Ngo 1728, uke wase kaya encedisa uyise, obesele nobulwelwe nokwalupala. Into ebalulekileyo apo, kukumana ehambela umfo odume ngesimilo sobu Krestu, eba nengxoxo naye. Lomfo wati kuve ndiyakuqonda uzimisele nge- nene ukukonza u Tixo. Yiva ndiku tyele, funa amakolwane, lonto akusoze uyifeze kakuhle ulilolo. Ute ebuyela e Oxford, wafika lento seleyilungiselelwe; umninawe wake u Charles obese Oxford naye, wagqoboka, elixesha u John ebese kaya. Ebeqelene no James Harvey no George Whitefield. Aba bafana bazimanya ukuba bancedisane kwizinto zompefumlo bangena nabanye abambalwa baba yi class. Ute u John efika wangena naye, wati kuba emdala eyi titshala ebekekileyo, waseleba ngumpati wayo.

IGAMA: METHODIST.

Lamadodana enza imiteto emininzi yokuquba olumanyano eyelele ekongeni ixesha, ukuvelela imilwelwe nabase zintolongweni, ukuzicikida, ukulesa i Baibile, nokuhamba imitendeleko. Ezinye izityudeni zabaqula kunene kunene kusitiwa zinto ezivuka zilale zipete i Baibile, ngamanundu e Baibile, yi Club yabangcwele, zi Methodists—oko kukuti ngabantu abazipete ngemigca eshicilelweyo. Yaseliba ligama labo elo, inanamhla iselilo. Olu manyano walu quba iminyaka emitandatu e Oxford.

UKUYA E AMERICA.

Ngo 1735 uyise wasweleka, no Wesley waya e America. Wayela ukuba ngu mfundisi kwi Koloni yama Ngesi, apo abe ngu Mvangeli kuma Indiya amelene nayo. Oluhamba lwapela kakubi lwamnceda kakulu. Wafana wangena kulento engena lwazi ngayo, umsebenzi ubonakala ngati ulula kuye Wati ufuna ukushumayeza abantu abangekalahlekiswa ngamaratshi emfundo. Ekubonakala ukuba wavukwa ngulamoya wokubalekela entlango, esiti umpefumlo wake uyapazima kukupitizela kwezinto e Oxford. Ute "Sawashiya amakaya kubasifuna ukusindisa imipefumlo yetu, ubomi betu sibucltele enkonzweni ka Tixo." Kubonakala ukuba lento wayingena njengomniu otenga usindiso ngokuncama iziyolo nokunyamezela ubunzima. Wahamba no Charles nabanye abahlobo bake.

Makucacake ukuba wemka e England , umxelo ungeka zoli kakuhle, engeka ziqondi inene ezinkulu, awashumayela zona akuqabuka.

Wahamba ngesikepe esasihamba iqela elikulu lama Jelimani ama Moravia. Aba bantu bebesebe nomsebenzi omkulu abawuquba e America. Bebengabantu abanempembelelo ezinkulu, belazi kakulu izwi lika Tixo, amatole enene ka Martin Luther. Wafunda kakulu kwaba bantu u Wesley e America naxa selebuyele e England nangohambo abewenzele ukuza kuhlala nabo e Germany.

Ute eseselwandle wangena ezintweni ezintsha u Wesley, esiti ucokisa umpe- fumlo wake. Wazila ukudla ngemini ezimbini evekini, inyama wayizila konkena, wazixasa nge rice nemiqatane, wayeka nokulala ebedini. Ngokwenjenjalo wati utoba amandla neminqweno yenyama yake, ukulisa amandla ompefumlo. Lute lwakula ulwandle woyika kakulu ukufa. Yamdanisa kakulu lonto esiti—Mandibe ndenziwa kukuswela ukutemba u Tixo, emandibe ngoko andinguye umKrestu wenene Watsho wapatwa ngamaxala amakulu. Lonto isuke yamkulela akubona ama Moraviya la ezolile, namadoda, nabafazi, nabantwana, besiti bona—Asoyiki nto, siyamazi u Tixo ukuba ulpete nolu Iwandle; nxana atanda ukusibizela , Kuye ngalo sixolile, sihleli simtembile. Uye kufika e America selepetwe yimibuzo enjalo.

(Isaqutywa.)

ISIFUNDO SE BAIBILE.

SE CAWA, OCTOBER 23, 1898.

Ubizo luka Yisaya.—Yisaya vi, 1-13.

Umsebenzi we Nkosi ufuna imali, ufuna amadoda kanjalo. Sifunda apa ukuba watinina u Tixo ukumbiza u Yisaya ukuba abe ngumfundisi wabantu. Namhlanje kanjaqo ilizwi le Nkosi liti: "Ngubanina endiya kurntuma?" Mlesi uya kupendula njengo Yisaya na uti, " Ndim lo, tuma mna."—(V. 8.).

Bohani ubukulu be Nkosi yenu. Ihleli esihlalweni sobukosi (v. 1) Ingelosi ziyayikonza (v. 2). Zivuma indumiso zayo (v. 3). Amazulu nomhlaba azele bubungcwalisa bake. Akuvumi na ukuba ngumkonzi wokumkani ongakanana? Ukubona ubungcwalisa bayo nokukumbula ngobungcwele bayo bungakwenza uku-mbule uboni bako obukulu, nokuba akufanelekile ukuba ungateta egameni layo (v. 5). Kodwa iya kucukumisa um- lomo wako ngomlilo wayo (v. 6). Iya kuxolela izono zako ikwenze ukufanele ukuba ngumkonzi wayo.

Umsebenzi awusayi kubalula, kuba intliziyo zabantu zilukuni (v. 9 ne 10). Kwanjengokuba kwakunjalo ngexesha le Nkosi u Yesu (Mat. xiii, 14), nangexesha laba Postile (Izenzo xxviii, 26), kuyaku- bako isohlwayo ngenxa yoku (v. 11 ne 12) Kanti ke noko ekupeleni kobako umvuzo (v. 13). Ilizwi olitetayo egameni le Nkosi alisayi kupelelwa (Yisaya Iv, 11). Liyimbewu engcwele eya kukula ihlanze isiqamo, baye ke abo " bahlwayele ezi- nyembezini beya kuvuna eluvuyweni" (Amaculo cxxvi, 5 ne 6). Ngoko ke ubu- nzima bomsebenzi nokungawufaneli kwako mabungakutinteli. Cinga ngo- bukulu bobungcwalisa buka Tixo ; cinga ngenceba yake ekuxoleleni isono sako ; cinga ngo Moya Oyingcwele oya kuwa- nika amandla amazwi ako. Ngoku ke xa i Nkosi ibuzayo ukuba " Ngubanina endiya kumtuma? " pendula ngantliziyo evumayo ukuba " Ndim lo, tuma mna."

INCOKO

Uvakele esiti omnye umfo, akubona inkumbi zipitizela: "Kowu! kwapela ukutya kwabayeni zifika nje ezidyasana."

"Utsho kupi kona? " Watsho obuzayo. Ute omnye, " Nditeta imbotyi, kuba kaloku kukona kutya kupambili xa sukuba kufike abayeni. Ezidyasana ke azibonani nembotyi."

Ati omnye, "Yeka lonto mfondini, asikokutya kokupekelwa abantu basemzini oko, ngekulunga kunikwe intsa- po."

" Pulapula sikubalisele. Sati singabafana, lentanga ibongo likukutya inkuku, segxogxe ngo 'rurindlati,' satsho kwezivulwe ezantsi ibulukwe sasingisa ngapa. Sifikile kona sipekelwe imbotyi. Site kuba sidiniwe, kuba besihamba nge- nyawo, salala salahla. Ke entangeni, apo silungiselwe kona, ndim, nowetu lo, nentokazi yalomzi."

" Kute ebusuku ndapapama kukuva into eman'ukuti: 'Mayipume! Hai
kodwa [missing text]
te ndisapulapula ndeva—'tywe-tywe'

" Wajokisa yena lo ka 'mayipume.' Landikohla mfondini kuba sendiqondile ukuba nguwetu lo ubeta itata, Ndite manditini, ndolula isandla ndashukumisa uwetu. Ndati kanti ndipangelelana nesinye isikoti. Ndase ndimvusa."

"Xum, cwaka u 'mayipume.' Ute esiti uwetu lo, 'Yintoni? Undivuselani?' Ndase ndidungudelisa ngeliti, ' Ndipe umlilo."

Ewe mfondini fan' ukuba nani natya analinganisela, zaze zaniqumbela imbo- tyi. Njengokuba mhla woze ufunyanwe ngamasi anoboqo woze uqonde. Aka afumana into ka Vanto. Atsho yabila indoda kubanda."

" Seyikukuteta nje noko mfondini ukuti inkumbi ziko nje ziza kugqiba imbotyi, andisayiqondi mna nento ezi- yishiyayo. Zake ukufika kwazo kweli okunene zangxamela imbotyi, ngoku ziyakotulula."

"Zivela pi?" Bati abaziyo zivela ngase ntla ngapa kwa Mzilikazi. Azi- sotukeki, yinto yakona, seyingati yimi- cikwane le ibako nalapa. " Ngamani la kutiwa ayazidla ? " Ngabe Sutu nama Hlubi.

" Hi mfondini, wake wayiva lanto kwakutiwa uke wabonwa u Satana eha- mba elila esiti, ' Hai abantu bandikupi- le ngokuxoka, wobeva bemana besiti ngu Satana kanti ngabo ? ' "

" Hai, endake ndayiva yileya kwakusitiwa nanku ebulewe kulantsunguzi yase Xera, yaduma lonto ayalinganisa."

Ababantu abashumayeli kebahlekise ngaxa limbi. Wati omnye ngapa Embo xa ashumayelayo: "Nibonanje ama- hashe ka Satana maninzi. Awodwala ati xa azakukwela afune ontambo mbini umkala; ako la wona awakwela nge- ntambo yexonya apalise ade aqikileke." Bavakala besiti " Uhlaba ekangele."

Ababantu abashumayeli bayamqonda u Satana lo. Wati omnye : " Into ayaziyo u Satana kukuyona into, aze ati akugqiba egoxe kwelimnyama ihlati."

Ababantu abafazi xa sebeqele ukugwaqaza endodeni abasabi sazinceda kulonto, ade wumbi azazise nakobe ngamazi. Yati enye imambane yaee Melika yafikelwa ngumlingane wayo kwindawo esebenza kuyo. Ite kumli- ngane wayo kaulinde zeke siye nawe ekaya. Yati, kuba kuko ijelo ateta ngalo kuyokavakala eka, "Wetu beka indlebe apa upulapule ndizakuyaleza ekaya, impendulo ke izakufika kwangoku." Ite: " Lungisa Diya ndizakuza nomlingane wam endamgqibela mzuzu."

Ifike ngokutshetsha impendulo isiti, " Mxelele ukuba asina hotele apa." Xhwenene omnye. Uvakele umnini ndaba esiti " hayi noko wetu ngumntu oti kanti uyancokola, akuko nto.

Ute uwabo lo, " Obo buncoko ndibuqhelile nam ekaya, andingebunqweneli naxa ndihambileyo." Wabulisi; bahlu- kana.

Enye indoda, eseyaruqulwa yingxolo " yondofa naye " wayo, ngokomntu odle ilulwane, ibisiti naxa umfazi ayibetayo kanti ayisazidubi. Ude wabuza omnye ukuba imyekelanina ukuba enjenjalo. Yapendula ngeliti: " Kukuba andise-nzakali yilonto, yaye iluncedo kuye ukuba kushukume igazi! "

UNYULO E NAMAKWA.—Ngu Sir Pieter Faure no Mr Studer abasondeziweyo e Namakwa mayelana nesitulo ekwakunyulelwe u Mr Rhodes kuso, kwaza kwabonakala eroxile,

Ityalike Nezikolo.

Umanyano Iwe Titshala e Herschel.

Intlanganiso yolumanyano eyayise Mbihli (Dulcies Nek) yawuquba ngoluhlobo umsebenzi : - Imicimbi yentlanganiso engapambi kwale yati yakugqitywa ukufundwa yamkelwa. Ingxelo yemali yafundwa ngu Ndyebo, yamkelwa yintla-nganiso ipela. Kwakubalapo ke, kwabizwa uluhlu lwamagama amalungu. Nanga amagama amalungu awayengeko aza adliwa imali ngekukotama Revs. W. Baker, George Weaver, Mrs. Weaver, Misses S. Mdolomba, Mafika, Skosana, Messrs. George Baker, R B. Smith, E. Goliath, B. Zingitwa, no Sepanya. Amalungu amatsha aba ngo Miss ??? Bell. A. Phakie, Rev. C. eMssrs. A. Parkies, S. Louw, H; Phooko, R, Mtshazo, R. Slater, S. Ndabana, no John Bidi. U Nobhala uvakalise ukuba usel' eyitumele incwadi ku Mongameli omku- lu wemfundo—yokumbulela ngoluya qe- qesho lwetitshalakazi. Unobhala uxele nokuba imiteto yolumanyano yashicilelwa kwi ofisi ye Mvo, nokuba lomlteto uya- bele amalungu. Umongameli (ongapa- ntsi) wolumanyano, u Rev. W. Baker, uxele ukuba ikomiti yadibana nezibonda, nokuba emva kwengxoxo—malunga no- kurolwa nguinzi (Local contributions) izibonda zavumelana ukuba u Rulumeni abhalelwe, etandazwa, nokuba kwa lowo mtandazo utunyelwe kwabafuna ukunyu-lelwa Indlu Engapantsi ye Palamente. Kuleswe ukubhalelana obekubo nalo malungu, yaza intlanganiso yakolwa. Kwa lakomiti indala yanyulelwa ukuba ike ipicote lento iyimfundo yonyanzelo, ize iqwalasele ukuba ingalilungelo na kulomhlaba ubucala. U Mr. B. Read, osekelwe ngu Mr. Woodward ute, lentla- nganiso iyambulela u Rev. W. Baker ngemigudu yake malunga nemicimbi ye komiti. Yavumelana yonke intlanganiso kweliqondo. Unobhala ulese incwadi evela ku Mr. Jonathan Tunyiswa, ongu-mongameli we Ngqungqutela ye N.E.A., incwadi ecela ukuba olumanyano luzidi- banise ne N.E.A. Malunga nesi sicelo kwavunyelwana ukuba kubhekiswe ezi- ndawo zilandelayo:—1. I-N.E.A. le yi- ntlanganiso yabantu abateni na? 2. I N.E A. le ijonge kuzipina inkalo? 3. Ti- na singafumana luncedo, okanye malu- ngelo manina ngokuzidibanisa kwetu nayo? 4 Bayacelwa abe N.E.A. ukuba basitumele imiteto yabo eshicilelweyo.

UKULEKWA KWAMAPEPA ABHALIWEYO.

Utitshala u J. Majombozi walesa ipepa lake elinge "Boarding of Teachers in Native Mission Schools," ebonisa ukuba ngati abantu bayityeshele lemfanelo yabo, nokuba otitshala bayaxhamleka. Ute ke abongameli bezikolo ngebeyixoxa lendawo nabantu. Kwaxoxwa ke lakubo lilesiwe elipepa. U Rev. W. Baker ekubeni engeko, ipepa elibhalwe nguye lifundwe ngu Mr. Read. Ingxoxo yelopepa ibiyile: "Teachers 'and Teaching.' Umbhali welipepa walate ukuba uk' ungapumeleli ekufundiseni, akudli ngakubangwa kunqena, kuke kuti kanti umntu uswele isipiwo sokukwazi ukufundisa. Utsho wati utitshala oyingcungela ngulowo unaso eso sipo. Waquba wati kuza ixesha ekuyakufuneka ukuba ititshala ezintsundu, kwanjengokuba kunjalo kwezimhlope, eziyakuvelisa ubungqina obuziziqiniselo zokuba ziyawazi, ziwufanele kanjalo lomsebenzi ngapambi kokuba zipatiswe izikolo ezixaswa ngu Rulumeni- Wonge- za ke umbhali wati otitshala ngebelesa incwadi, bazifundise imisebenzi yezandla, Kuxoxwe shushu ngelipepa, kuba laba nemfundiso, limnandi nokuba mnandi.

INTLANGANISO EZAYO.

U Mr. Read utembise ukuba wonika isifundo esingoku " Bhala " kwintlanga- niso ezayo. U Mr Woodward utembise ukuba wobonisa uhlobo lokufundisa i " Noti." U Miss M. Monyakuane ute wofunda ipepa. U Rev. W. S. Cox ubu- lelwe ngu Mr TULWANE., egameni lezi titshala, ngenxa yezilungiselelelo nobttbele bake, nabancedisi bake, ababubona- kalise ezititshaleni (Kwatiwa heke). Egameni lamalungu u Mr. Monyukuane ubabulele ababhali bamapepa; kwavu- nyelwana. Kuvunyelwene ukuba intla- nganiso ezayo ibe se Vetberere ukuba u Rev. G. Weaver uyavuma. Kuvalwe ngokucelwa kwentsikelelo ku Sombawo.

Umvulo we Sinala e Bensonvale.

Bonke abatandi bemfundo bayakuvu- ya ukuva okokuba le Sinala yamadoda- na ebilungiswa, ihlaziywa, isandiswa kwezinyanga zi 18 zigqitileyo ide ya- gqitywa. Kwakuvulwa yona ngo 22 ku September.

AMAVO AKUDALA.

Pambi kokuba siqube ezomsebenzi mhle kunene we 22 ku September, mhlaumbi abanye bayakufuna ukwazi ukuba bekuvulwa i Sinala ebitenina, yahlelo lipina, njalo njalo. Le Sinala yaqalwa ngu Rev. J. Start njengokuba ne Roma ingazange yakiwe ngemini enye, nawo ke lomzi ubuhleli nezozaki- wo zawo zibuxobongo, kwada kwafika u Ramafolofolo u (Sikutali), u Rev, W. Baker, ongumpati wale Sinala ngoku.

IZAKIWO EZIDALA.

Abawaziyo lomzi bokumbula ukuba njengokuba, nekilasi, zininzi nje, bekufundiselwa kwezondlu zilala amakweafundayo. Bezifulelwe nge zinki
ebekwe yetyaba entungo, ingenayo nesilingi, ngapandle kwendlu vabafundisi nendlu ezimbini zokufundisela. Kodwa ke nazo ezo bezingena silingi.

Indlu yokucwelela ibilingana amakwenkwe angaba nga 20 kupela, kuba kaloku ibikwa sisitadi somfundisi. Zonke ke izakiwo ezidala besezidilika zinemfanta, zibanda, zingenampilo. Amakwenkwe ebesandlala. andlule, aze ashenxise inkuko zawo (imatilasi) u- kwenzela ukuba abeke idesika kwezondawo.

IZAKIWO EZITSHA.

Ngoku ke yonke lonkatazo nalo nxamleko ipelile, itshayile gxebe. Akuzi na ubone? Izakiwo ezizingxa- nde, ezifulelwe nge zinki entsha, izaki- wo zamatye, ezezitena, zokubiza useku- de; zotsho uyidele i Nxukwebe, leya siyaziyo tina.

EYABAFUNDISI.

Umfo ka Beka uyiqaqile leya uyaziyo wena, wayandisa indlu yabafundisi. Ungalahleka, izindlu ezinkulu zokulala, ezihabalala zokutyela, ezokuhlambela, ezokugeina ukutya, ivalanda! Mxm yeka!

I HOLO.

Kaloku kukwako ne holo entle, ene lampi, nendawo epakamileyo i platform njengaleya yase Dikeni nakwa Somgxala. Le holo lingana nezinye isinala zama Wesile ngobukulu, ukuba ayizigqiti. Izitulo zayo ikwa zidesika ngenye indle- la. Le holo yenzelwe ifestile ezintle zohlobo, yaza yabugqiba ubuhle ngalo veranda ikuba onyana base Afuka baka Adam ukuba bafune ubulumko.

EZESIKOLO.

Nezokufundisela izindlu zihlaziyiwe, ngoku zine silingi ne black-board ezincanyatiselwe eludongeni. Idesika zezivela Pesheya zaye zikwa zizitulo ezine zayamo.

EZOKULALA.

Izindlu zokulala zisisakiwo esinye samatye esine floor ngapezulu, apo impahla zamakwenkwe zingagcinakala kona nge bolide, Umfo wabantu wa- tenga ne bedsteads ne matilasi zokulala abafundi. Ngoku wofika abafuudayo sebecwanye ezibodini ngokuhlwa. Kaloku bebeke belala ematilasini ezandlalwe pantsi. Enye yezo room zilishumi elinanye sisitola, enye yi pantili. Ku- kwako ne rooms zetitshala. Sisakiwo esomeleleyo, waye ingumsebenzi weza- ndla zabantsundu.

IZITALI.

Nanzo izitali ezikwisakiwo sezitena esikulu. Kukwako nendlu ye kari neye habile.

EZOKUCWELELA.

Yiyo leyo indlu yokucwelela yakiwe ngezitena, inamagunjana empahla zokwaka nelokulala umeweli. Kulapo i P.T. ziya kufunda ukucwela kona. Into ka Shosha ilapa, wofika ikulule ibatyi.

Hamba ke ngokuzola Mfo ka Palo,
Ufundise ingqola
Ukutalo.—HADI.

UMVULO WONA.

Mhla kwavulwa kwakuko umantyi u Mr. Preston, otanda intlumo yabantu bonke. Ekubeni u Rev. W. Baker, umpati-sinala, azisile okokuba Umongameli we Komfa yama Wesile utume-ucingo lokuba ulele pantsi sisifo, kucelwe umantyi ukuba abe ngumpati wentlanganiso.

Umantyi (etolikelwa ngu Mr. Tshangela ngesi Sutu, nangu Mr. Tulwana ngesi Xosa), uncome umsebenzi omhle owenziwa apa, esiti awugqitwa ngowenziwa kwezinye isinala zabantsundu, utsho wasitabata isitshixo wavula kwezo zakiwo zihle. Kobubutuba umantyi upunyuzwe yingoma " O God of Bethel," kwaza kwatandaza u Rev. Geo. Weaver, kwabuya kwacuhva ngabafundi, kwatandaza ingwevu yom Frentshi, u Rev. F. Ellenberger wase Lusutu.

U Rev. George Weaver, wase Vetberera, wenze inteto emnandi esiti uyatemba okokuba intlanganiso izilungiselele ukurola ukuncedisa kwindleko zokwaka, esalata okokuba esi sikolo sililungelo kubantwana nezizukulwana zabantu abantsundu balommandla.

U Rev. F. Ellenberger ute kwasululu emungunya isi Sutu, eman' ukuti " Oho! Le kae na? Eka Moreha eka le hlohonofofatsa." Utete ngobuciko obukulu bemqwabela izandla.

IMALI.

Ute esati vu pantsi u "Lambeja" yekoko, kanti uyifunzile. Yaxinana imali etafileni, ebomvu nemhlope. Bekungalindelekile kuba amaxesha anzima. Kwaqokelelwa imali eku £50 kulontla-nganiso yodwa.

IZIXASO.

Ipumile leyo ntlanganiso ukumka komhla kuyiwe kufunwa izinto ezifakwa pantsi kwempumlo. Ititshala zaba zodwa, izibonda zazodwa, indimbane zazodwa. Kwakuxelwe ne nkomo kaloku.

IZIVATISO ZOMZI.

Wawumhle umzi ngalomhla kubalwe imibalo ngemibalo Kauve:—1. Welcome to Herschel. 2. Welcome to Our Visitors. 3. Unity. 4 Success to our Training Institutions. 5. What Sculpture is to a Block of Marble Education is to a Human Soul. 6. Establish Thou the work of our hands yea, the work of our bands establish Thou it, njalo-njalo ke. Lamagama azotywa ngu Mr. A. Fowler.

INGOMA NGOKUHLWA.

Ingoma yaba yemnandi kunene, ipetwe ngutitshala omkulu u Mr. B Read. Kwakuko nelinje iqelana elalimana livuma ingoma zika Mr. Bokwe ngokuhlabusayo.

U Mr. Weaver wabuya wenza inteto emnandi esiti umfundisi walapa kungatiwa ngu Rev. W. Baker. R.R.,—u R.R. lo kukuti, Restorer of Ruins

Kwavalwa ngomhobe we Nkosazana "God save the Queen." Huntshu! huntshu!!

Ngokwengxelo ye Gosa le Seketi yama Wesile e Qonce kubonakala ukuba umsebenzi uyanda, ufuna inxaso kakulu, indlu zezikolo netyalike zimiswa kwindawo ngendawo. Izinto ezinjenga matamsanqa mazixaswe ngemitandazo nezinto. Ngesicelo esasibekiswe emzini seloko kwagqibela nge 5s. ka Rev. P. Kawa. Siyabekiswa kwakona isicelo emzini ngetyalike ezise Ngqokweni, Emaqabeni. Abapendulayo babekise ku Mr. Tengo-Jabavu, King Williamstown

ITEMPILE.

Kwiveki engapaya bekulindeleke uku- ba ikomiti ihlangane apa e Qonce ye Ndlu Enkulu. Ayipumelelanga kakuhle ngenxa yemvula nangenxa yokungafikeleli ko Bro. Rev. S. Mvambo. Abebeko ngo Bro. G. W. Tyamzashe, Bro. Rev. E. Makiwane, Bro. Jno. K. Bokwe, no Bro. E. Myimbane, kubonakale ukuba imiselwe umhla wa 24 November ozayo. Into ete yabaluleka kwi Mbumba ye Temba e Qonce ngaloveki kukungeniswa kwamalunga amaninzi amatsha, ekubeko kuwo no Rev. D. Ntlabati Itempile ibonakalisa ukucuma nokwanda okukulu. Akwaba utywala bebuyaku- liwa ngantliziyo nye.

INCWADI EVULELWEYO YECEBO.

DR TIBBLES **Cocoa**

NABANTU BONKE.

MLESI OTANDEKAYO,—Ukufunda inte- to ezimana ukubako iveki ngeveki kwelipepa—zokunceda kakulu. Ngendlela ete gca kakuhle inteto esizishicilelayo ziya kubonisa kuyo wonke umntu ono- kuqonda ukuba itinina i Dr Tibbles Vi-Cocoa ukuzigqita zonke ezinye izinto ezitengiswa njengeziselo, okanye ukutya kweziselo ekunikeni amandla nase kuxaseni umzimba.

I Dr. Tibbles Vi-Cocoa kukutya okusiselo sabantu. Ukulunga kwayo kuqondwe ngapezu kwawo nawupina umti okoyo ezimbalini. Ixabiso layo njengo kutya okunokutatwa naninina, kuwalu- ngele onke amatuba, kungqinwe ngaba-ntu abapantsi ukuba ngabendidi zonke, nemisebenzi, ibonisa amandla ayo angummangaliso okubuyisela empilweni naxa bese kukubi.

Amabala amahle njengala akangefumane abeko kwizinto ezityiwayo—ezisiselo, saye singakolwa ukuba kuko mti waka wanawo ngapambi kwe Dr. Tibbles Vi-Cocoa. Lomti ungummangaliso ngoku ufunyanwa kumakaya ezigidi zabantu, abangena kuhlala ngapandle kwawo. Sishicilela amaxesha ngamaxesha ezimbalwa kwincwadi ezininzi zobubele, ezitunyelwe kuti singazicelanga. Abanini be Dr. Tibbles Vi-Cocoa abake bacele bungqina, baye bengaza- nge elunina bashicilele incwadi abaya kufumana imali ngayo. Abantu baqonde ukuba kuko ukulunga kwi Dr. Tibbles Vi Cocoa ; yiyo ke lento kumana kufika inteto ezimnandi zivela kubantu bendidi zonke imihla ngemihla.

Sikushiyela kumlesi ukuba aziqondele, aze atabate kwangoku i Dr. Tibbles Vi- Cocoa—ukuba oko ebengekakwenzi— endaweni ye Cocoa, i-ti nekofu ngeblakfesi nangamanye amaxesha okutya.

Inkonxana yesampulu iyakutunyelwa, kungarolwa nto ngeposi ukuba kute xa kubhalwayo (i post card ilungile) kwa-kankanywa nelipepa.

Abako benyaniso,
ABANINI BE
DR. TIBBLES VI-COCOA (1898) Ltd.
21 Castle Street, Cape Town.

Uluvo Lomtengisi Mayeza.

U F.W.C. Thomas, umtengisi mayeza e Claremont, usand' ukuti kutsha nje Kuluvuyo kum ukuyaleza elika Chamberlain Lokohlokohlo kubatengi bam, kuba isoloko isanelisa." Litengiswa ngo R. Lumsden & Co., abatengisi mayeza, e Qonce.

IPALAMENTE

AMANQAKU.

Ukupuma kwe Mvo yokugqibela sa-vakalisa ukuba u Sir Gordon Sprigg, nabelaula nabo, uroxile kwizitulo ezipa-kamileyo zokulaula. Imbangi ikukuba oyiswe ngenani ngabebe ngaba Roreli Rulumeni wake.

NGOLWESI BINI, 11 OCTOBER.

Uqetulwe namhla, nga 39 na 37, u Sir G. Sprigg, njengokuba kwavakaliswayo kwi Mvo yokugqibela. ,U Mr. Schreiner uyindulule inteto yake yokungatenjwa ko Rulumeni ka Sir Gordon Sprigg eko onke amalungu, ngapandle ko Mr. Wienand wase Somerset East, ocaca esifeni. Ibe yinteto emfutshane, kodwa ebukali. Ayibanga sangxuta kwinqubo ka Sa Godini kwinto ezingapaya ko June, iqaule ezingeneno kweloxesha— ngexesha lonyulo. Utete ngabukali ngokuxokiswa komzi Yinkulu nomkokeli wayo u Mr. Rhodes ukuba unyulo obeluko lube lupezu kokuba abantu baxele ngevoti zabo ukuba makulaule Inkosazana na. Walata ubutshivela benqubo ka Rulumeui kwinto ezinje-ngokuhlanganiswa kwama Sema(C.M.R) ukuba avotele abaxasi bake, awade e Dordrecht amapolisa ahamba egada u Dr. Smartt. Kwesi sikalazo ungenise nesokuba Inkulu yati kwizicaka zika Rulumeni mazingabotshwa namhla ngu-mteto wokuba zingazingeni into zolaulo, wagweba ukuhlanganiswa kwama Valanti kulo lonke ukuba aye kuvota e Vryburg. Wayigqiba inteto yake nge- lokuyaleza impi yake ukuba ime ngakuye, ngakumadinga okunyulwa k wayo, kupeliswe kwangoku umbuso wobutshinitshini, abaya kuzihlwaya, sekonakele ngapezulu, ukuba abawuqetulanga namhla nje.

Eyigqibile inteto yake u Mr. Schreiner etabate iminiti ezi 45, ete yamana ukuduma impi yake, kusuke u Sir Gordon wati akayi kwenza nteto, kuba kungeko nto iyakunceda yona, kuba amadoda selegqibile apo agqibe kona. Utsho wawucanda umtika, kwaye kuvakala ukuba, ekwenza nje oku kukuba bekugqitywe equmrwini leqela lake ukuba aze angaroxi, noko ipunyelelisiweyo into yokungatenjwa, aze kodwa aqube Umteto Wokongezwa Kwezitulo—lowa wona ayesiti ayawutanda ama Bulu, aqube nololiwe, waye esiti kuko ama Bulu amabini atembisileyo ukuba aya kumxasa kwezonto noko ayakuvotela ukungamtembi ngokwedinga awalenza kubanyuli bawo.

Akuba epose linye namabini u Mr. Van der Walt, eqononondisa ukungalungi kwalo Rulumeni, kuvotiwe. Isiqamo sinjengokuba sekuxeliwe.

NGOLWESI TATU, 12 OCTOBER.

Kutiwa kute kusasa ngolusuku kwacota u Mr. Innes, waya ku Sir Gordon, waya wati uya kuyiroxisa eyake inxaso kuye ukuba kuqutywa ngobumenemene, bokutenga ama Bulu ngendlela eseyi- kankanyiwe. Elozwi kutiwa litsho wa-selelahla u Sir G. Sprigg—into ebange umotuko omkulu kunene, nezituko ezibi zempi ye Puludyasi (Progressive). Ubembi u Mr. Innes kwa isakuvakala lonto, ekuhlekiswa ngesazelo nobulu-ngisa azingca ngabo kwelocala, amapepa nababaleli belocala bamxuluba kunene. Kuko abati makaroxe e Palamente, ekude kutiwe kuke kwada kwahanjiswa ipepa ngamatsha-ntliziyo lo-kumcela ukuba aroxe; yayekelelwa lonto kwakuvakala ukuba uvumile ukuba ube posisile, uyakuquba kakuhle ngomso; zi Puludyasi ezo zitshoyo, esiti tina kulapo ibiyintonina kwicala elirn- daka njengeli.

Okunene ke lite lakudibana Iba- ndla ngo 2 emalanga wavakalisa u Sir Gordon Sprigg ukuba sele- vumelene ne Ruluneli ukuba aroxe. Aselezibambe izitulo ukuba kude kunyulwe abayakutabata indawo yabo. Utsho wati uke wadibana nelungu lase Malmesbury, elingu Mkokeli waba Roreli-Rulumeni kwelo Bandla, bavu- melana ngelokuba Ibandla lingadibani kude kube ngo Mvulo ozayo (17 October) ngenxa yamalungiselelo amakenziwe okumisa u Rulumeni omtsha. Laba ke liyacitakala Ibandla.

Ibe lixapetshu kwa oko kumalungu ukutshintsha izihlalo, kuba abebengaba Roreli, bezakuba ngama Rulumeni; i Puludyazi zibe ngaba Roreli-Rulumeni. Kutiwa u Mr, Rhodes uziketele isitulo kwezabakokeli becala elo labo; no Mr. Innes ufudukele kwakwelo cala. Ngu Mr. Douglass ongavumanga ukufuduka kwicala lama Rulumente, ekucingwa ngokuba ilungu lase Rini alizimisele kumcasa u Rulumeni oya kungena, beke kwako nenteto yokuba angenziwa Umpati-sihlalo we Komiti.

Kungoku amatsha-ntliziyo ecala le Puludyasi, anjengo Mr. Walton no Mr. Garrett, angenisa into ekwapantsi esi- kweni yokuba u Dr. Berry makaroxe esihlalweni, ukuze elocala lifumane ivoti, ize ibe ngu Rulumeni omtsha oyakunyula kwelake icala indoda yokutabata isihlalo. Lonto yayike yabekiswa ngapambi kokuba anyulwe u Dr. Berry ayibebeta amanye amanene ngokuti ingaba kwenziwa amahlazo, yayekwa: o Galada no Mr. Walton, abafo abantloko zishushu, bayayikubula.

UKUNGATENJWA KO LAULO.

U Mr. SCHREINER usuke wema, iduma kunene impi ye Opozishini (aba Roreli Rulumeni) wati inteto elu- nge egameni lake yeti lo Rulumeni akatenjwa li Bandla. Elo lixesha lesitatu kwintlanganiso ezintatu ezilandelelanayo ze Palamente, ipakanyiswa lento, yaye imana iba kwinqanam lo- kupumelela, kuba kunokutiwa yapume- kwango 1897 oko yayipakanyiswe lilu-ngu elibi elalilela Maqwelana oko, elilelase Wodehouse ngoku. Yaba ngu Mhlali-pambili, owenza imfanelo yake ngokuvifaka ko "Hai" ivoti yake, yaba ke iyayekelelwa oko, baye bengafuni kwenza ingxushungxushu yokuguqulwa ko Rulumeni ngeloxesha, ngenxa yokuba oyi Nkulu wayecelelwe kumgidi we Dyibili ye Nkosazana e London. Indlela engabanga nampumelelo intle elaquba ngayo inene elibe liyi Nkulu ukumela i Koloni, iyakufunyanwa ema- balini.

AKUFUNEKI NGANTO ukuba bapinde umhlaba abawuhamba ngoko yayihleli ukugqibela i Palamente, kuba waxoxwa ngokuzeleyo oko umci- mbi lo. Inene elibekekileyo baliyeka lawela. Libuyile ibe ngumsebenzi wake obuhlungu ukundulula kwakona ukuba liyaroreleka, elivakalise ukumangaliswa inene elibekekileyo, lati mayibe lonto yenziwa kuba lipakamise Umteto Wezi-tulo. Inene elibekekileyo malibe linengqondo enoncedo emfutshane ukude lilibale into yokuba ukungatenjwa kwa- sondezwa nangapambili kwalowo Mteto. Hai; izizatu zinzulu na kunoko. (Uku- duma.) Ulixelela inene elibekekileyo ukuba nokuba selibuya umva—njengokuba libuya umva ku Mteto Wezitulo elaliwungenise ngeyokugqibela i Palamente, lonto ayikuluguqula uluvo loku- ba alamkelekile inene elibekekileyo kwelo labo icala le Bandla. (Ukuduma.) Yaye yakumelwa komzi ngemfanelo, ukwenzela ilungelo
icala nalipina, iyinto abayitandayo nabo. (Ukuduma.)

NGEXESHA LOKUGQIBELA

owawupambi kwe Bandla lomcimbi wamkelwa nga 41, wacaswa nga 36;
amalungu bayakufumana ukuba a 77 oko awavotayo, kunyulwe kwakona 48, kwaye ku 41 abo kubuye 25, ku 36 elinye icala kubuye 23. Ngokwe Palamente endala yodwa ababo bakwiqela elikulu. Abanye ngamalungu amatsha, angabanga nanxaxeba kulento ngapambili. Yiyo leyo impendulo yento eyacelwa yi Nkulu emzini obavoti. Bayilungiselela yonke into, bavuma nemali de kube ngu August, mhlaimbi pakati ko September zokuquba umsebenzi, xa kusayiwa emzini. Bayile ke emzini (Ukuduma kwamacala omabini), nelizwi lomzi livakali-siwe. (Kwadunywa.)

U Mr. SCHERMBRUCKER : He he!

U Mr. SCHREINER: Inene elikeki- leyo elingapaya liti He he. Kodwa ukuba beliyakuba nokunyanisa, abe namanye amalungu angapaya ebeyaku- quba ngobulungisa ukulikangela ilizwi lomzi, njengokuba litetileyo ngokuma yelana nabahleli kwizitulo zewonga nabo banga impato ingahlanjululwa—(Ukuduma, no O!) — angayiva intsingiselo yokuduma kwenene elibekekileyo. U-qube wati ukuba amalungu abekekileyo angapesheya awalilulameli ilizwi lomzi awayiyo Inqubela (Progressive) ati ayiyo. Ebebenele ku Kesare, umzi ke. Mawalitobcle ilizwi lika Kesare (Ukuduma kumacala omabini.) Ukuba lonto ebe-yenzile ngekungeko mfuneko yakwenza nto ngoku, ngapaya kokuba Ibandla livote pezu komcimbi opambi kwalo. Kwaye kufuneka beqube ngalovoti— (ukuduma) —ngompunga womzi, otumele abameli kwelo Bandla ukuba beze kwenza imfanelo zabo, batshabise abapati micimbi abanqubo ingeyiyo ebukekayo ebalini le Koloni. (Ukuduma)

MAYELANA NAMALUNGU awavota ngokucasene nokungatembi ukugqibela, inane kupela awemayo ezindaweni zawo ati ayamtambe ngobuso obungenantloni u Rulumeni. Kakade lalililungu elibekekileyo lakwa Ko- mani (u Mr. Frost); waye ebekiselele nakwilungu elibekekileyo lase Paarl (Sir P. Faure) nowaye lilungu lase Wodehouse (Dr. Smartt). Kwesi s.ne, amabini awasengawo amalungu eloba- ndla, amanye amabini yi Nkulu no Mtunywa (Sir J. Sivewright). Bavakalisa ukutemba ngokucacileyo. (Uku- hleka). Amabini awaxaswa ngawo awaseko, noko ahamba pakati kwaba-nyuli ngabo bonke ubuganga bobu Rulumeni, ekutiwa mayelana no Mpatiswa Koloni wayepahlwe nayimikosi. Akako noko lomalungu mabin'. Akazi ke ukuba kungako sihibana kwamatsha singavakalisa ukutemba.

INGANGUMANGALISO ukuba kwabebeko ukugqibela kungako elinokuti kokuhle kwinyanga ezintatu ezigqitileyo kuko nto ingabanga ukuba atenjwe u Rulumeni. Akakolwa. Asi- yiyo into ebalulekileyo na ukuba babe no Rulumeni ongatandwa kanye nangabaxasi bake? Mhlaumbi ekuha- mbisekeni kwengxoxo bangade btve kuxelwa isimbuku sento angatenjwa ngayo.

ANGAWANYANISELA amalungu abekekileyo ukuba akukulo icala laba Roreli-Rulumeni abayakufu- mana nezwana elinye lokutenjwa ko Rulumeni; kupela sisigqibo esomelele- yo sokuba kakamsinyane ekwelelisiwe lo Rulumeni, kuyakuba betele, ukuze imicimbi yelizwe iqutywe ngemfanelo, nentlambuluko, nobulungisa. (Ihum- hum kwicala lo Rulumeni). Angaba utete ngezimvo eziyintlekisa kwicala elingapaya, kodwa ezonto zizimvo zentliziyo yake nezamanye amalungu elocala labo.

IMBAZA.

Sekude kwako isiteto sokuba lo Rulu- meni unamatele ezitulwoni ngokwe mbaza, akateti burara ngomcimbi om- kulu onje, kodwa kwangapambi kweli- xesha kekwafika engqondweni yake ukuba ingade ibe yidamaneti engamsu- sayo ezihlalweni lo Rulumeni banaye. (Ukuhleka nokuduma kwe Opozishini.)

AKAKUTABATA IXESHA

le Bandla kakulu, okanye selede wagqi- tisa ngexesha lesitatu abadli ngakwenza ngxoxo ityulu. Umcimbi lo sewuke wapambi kwabo kabini ihleli i Palamente, bewuteta, into embi kukuba amanye amalungu ongemanga kwinto ebeyiteta ngapambili. Ngoku bangaba nentlungu yokubona ilungu elibekekileyo lelo labo icala livotela elingapaya icala. (Ukuduma) Bonke bangamalu- ngu amatsha atunywe umcimbi otile ngabanyuli babo, banyulelwe ukuvota ngelicala nangelo Rulumeni. Baya kumyeka na lo Rulumeni, nokuba baya kumtoncula, kunele impato yamaqinga yomsebenzi. (Ukuduma.)

U Mr. BROWN: Asiyona ndawo ku- ngayo leyo.

U Mr. SCHREINER: Umhlobo wake obekekileyo wobehle ayiqonde eyona nto kungayo msinyane. (Ukuduma okukulu kwaba Rori). Amalungu amatsha akweliya cala azele ukuxasa u Rulumeni. Nganina ukuba babe bayaxoxa. Makuvotwe. (Ukuduma kuma Rulumeni naba Rori). Banento abatunywe zona bonke. Amehlo angamawaka aba- jongile. Akangi angacotela nabanina ukumjika kweyona nto atunywe yona. Akukonto bangayaziyo ngengxoxo za- ngapambili Akuko nentlantsi le enga-mbangela ukuba ajike. Okanye zonke izinto ezihle seyicitiwe i Palamente zimqinisele kwelokuba lo Rulumeni akanguye wokutenjwa.

AMAQETSEBA

enziwe ngonyulo ngu Rulumeni ngo- kwake, nabo bamxasayo ngamabi, aye kananjalo engelulo udumo oluhle lweli lizwe. Angakankanya i Vryburg; anga- kankanya indlela ekusetyenzwe ngayo ngevoti yabasebenzi bakwa loliwe, ivoti eninzi yama Sema (C.M.R.). (Ukuduma kuba Rori). Angabuza inene elibekekile- yo (Sir G. Sprigg) ukuba alitshongo na kubasebenzi bakwa Rulumeni ukuba bawunyatele ngenyawo umteto wokuba bangabi nanto nento zombuso, baxase u Rulumeni. Pantsi kwemeko ezinjalo kuko nto na engabanga bamtembe lo Rulumeni ? Babone abapatiswa—unga u Nobhala-Koloni ngeleko—ngeso sizatu sodwa, kuugengasimbi, kodwa akayi kuteta ngomntu ongekoyo. Ulahlekelwe, ukuba amare ayanyanisa ulungise- lela ukuroxa, waye etshisa ileta zake *ezipulayiviti.* (Ukuduma okukulu ne- ngxolo).

Sir J. SIVEWRIGHT: Lonto asiyiyo inene.

U Mr. SCHREINER uqube wati uci- nga ukuba inene elibekekileyo libe lifa- nele ukuwa. Akalusizi lenjenjalo kuba kungesizatu salo elalahlekelwayo. (Ukuduma kwe Opozishini). Ngoku- mayelana nomhlobo wake ongapaya (Mr. Rhodes) emva kokuba lahlukanayo i Bandla bakuvile okwenzekileyo. Utsho wateta ngenteto ezingena nyaniso zalomnumzana awazenza e Klipdam, e Bhai nase Vryburg, eteta ngamanene apambili kwelo labo icala, engena kulungiswa, ezinye ziyakuba pambi kwamatyala—

Mr. RHODES : Quba, quba.

U Mr. SCHREINER ute inene elibe-kekileyo limiswe yi Nkosazana kwimbe- ko enkulu yobucebisi bayo, kodwa lihambe liwulahlekisa umzi Haiti umbuso we Nkosazana usemngcipekweni (Ba- duma aba Rori). Ulese inteto ze N ulu e Monti zokuba bona owabo umgudu kukubangisa ulaulo lwe Nkosazana. Ibiyinto yokwenziwa na leyo linene elipatiswe uxolo lweli lizwe, ngexesha uluvo lobuhlanga belushushu, ukupe- mbelela uluvo olunjalo ngento engekoyo. Banawo na amazwi awomelele ngokwa- neleyo okuxela izimvo zabo ngenteto ezinjalo? Yintonina ebibange ukuba kude kuyiwe kwinteto enjalo mayelana nabantu abaziwayo ukuba bayilulamele Inkosazana. Uvakalise uvuyo ukuba abantu base Ngilane bengalahlekiswanga zinteto ezinjalo, njengokuba onke ama- pepa akona eyigweba into eyenziwe ngalamanene. Wagqiba ngeliti—Yintonina ekungatiwa ike yenziwa ngu Rulumeni lo ngaleminyaka mitatu ebepete?

Ubechume ngamadinga, kodwa kusendle ngezenzo, Mabangalutwa ngamadinga ka Rulumeni. Angati kubaxasi bake yimani, nenza umsebenzi oyakuba ludu- mo kule Koloni nakuyo yonke i Safafika. Ukuba abalibambi elituba ukuba ulaulo Iweli lizwe balubeke pezu kobulungisa, ukuba abalugxoti olulaulo ezitulweni, ukuba abawafezi amadinga abanyulelwe wona, baza lenqubo bayiyeka yahambi- sela pambili, ukuba ububi babuyeke baqubela kobungapezulu, baya kuzizo- nda, baye bengasakuba na o ukuyilu-ngisa into eyakuba seyonakele. Lento uyiteta ngenkolo yake enyanisileyo. Yile nkolo embangele ukuba apakamise lomcimbi ubuhlungu wokuba abacele ukuba bati lo Rulumeni akanguye wo- kutenjwa. (Ukuduma okukulu).

U Sir G. SPRIGG ute ubeke walindela ukuba kungako lungu na kwangapaya elingalandela inteto yobuciko bonyulo — (Ukuduma nokuhleka)—abasand' ukuyi- va, kodwa njengokuba kungeko usukayo, angati akaboni mfuneko yokucita ixesha pezu kwenteto eyenziwayo : makuvotwe. Akuko buciko buyakujika nalipina ilungu kwinto eseligqibe kuyo nakwelo labo icala—okanye ubuciko belungu elibekekileyo bobokubanga ukuba awela bo icala ana-matele okunye kulo Rulumeni— (Ukuhleka). Ngalenteto ke akaboni ukuba angatabata ixesha ngapezulu.

U Mr. VAN DER WALT eteta okuse ntlizyweni ute : Kulusizi ukuwakangela amalungu ka Rulumeni, uke wateta namanye kuwo, avuma ukuba aposisile. Ebetembise ukuroxa, koda efikile e Kapa umangalisiwe ukuwabona esese zitulweni. Angasuke ati makube kuko indembu kwezazitulo. Uqube wati abakayiyeki inqubo embi. Kwela Maqwelane bamise intsuku ezintlanu kupela ukwazisa abavoti besositili sikulu usuku lokuvota. Uqinisekile ukuba ilungu elibekekileyo lesithili se Kapa (Mr. Innes)alixolisiwe zezi zinto.

UMHLALI-PAMBILI uwubeke ku-malungu nmcimbi, ahlulelana

Abavumayo	39
Abacasayo	37

Abaxasa u Mr. Schreiner bagqite 2 Ukuxelwa kwamani kwamkelwe ngo-kuduma okukulu ngaba Roxi.

Nalo uluhlu : -

ABAVUMAYO (39) Beyers, H. P. Botha, J. N. P. De Waal, D. C. De Waal, N. F. De Wet, J. P. Du Plessis, A. S. Du Plessis, M. J.Du Toit, P. J. Graaff, J. J. A. Hoffman, J. M. Immelman, D. W. Joubert, J. Joubert, J. P. W. Krige, G. J. Kuhn, P. G. Marais, D. J.Marais, J. S. Merriman, J. X. Molteno, J. T. Oosthuizen, 0. A. Rabie, D. de V.Raubenheimer, H J Sauer, J. W. Schoeman, J. H. Schreiner, W. P. Searle, C. Smith, J. H. Smuts, J. A. Theron, T. P. Van der Merwe, F J V. der Vyver, 1WJ Van der Walt, I. J. Van Heerden, H. C. Van Wyk, D. J. Van Zyl. D. J. A. Wceber, P. J. Wolfaardt, G S

O HAI (37) Anderson, T. J. Brabant, E. Y. Brown, J. L. M. Crosbie, R. Douglass, A. Fincham, A. W. Frost, J. Fuller, A. J. Fuller. T. E. Garrett, F. E. Haarhofif, D. J. Harris, D. Harris, F. R. Hill, J. A. Hockly, W. H. Innes, J. R. Laing, J. Lee, C. Oats, F. Olivier, G. C. Rhodes, C. J. Sampson, V. Schermbrucker, Sivewright, J. Smuts, C. P. Sprigg, J. G. Stead, A. St. Leger, F. Y. Tamplin, H. T. Walton, E. H. Warren, W. J. Weil, J. Wood, J. E. Wynne, J. Zeitsman, L. F.

ABAHALI.

To Water, T.	Lawrence, J.
Dempers, H. J.	Vanes, A. B.

U Sir G. SPRIGG : Ndicela ituba lo- kuti i Bandla malicitakale. (Ukuduma.)

Colonel SCHERMBRUCKER: Ukuba kukangelwe into emayenziwe. (Isiqa- rala.)

Ibandla lahlukene ngo 3'30 emalanga.

UKUROXA.

NGOLWESI TATU, 12 OCTOBER.

Lidibene ngolusuku Ibandla, ngapa- mbi kokuba lingene emicimbini—

U Sir G. SPRIGG usuke wati: Mr. Mhlali-pambili, emva kokuba Ibandla lahlukene izolo, abalauli badibene ukuba bakangele intc emayenziwe pezu kwe roti yayizolo, bafike ke kwingqibo yokuba akunqwenelekile ukuba bawuqube umsebenzi womzi. (He he.) Ngoko ke ndazise Umhle i Ruluneli ukuba ndiya- roxa kunye nowetu, ate wakwamkela ukuroxa oko kwetu, ngoku siwubambe umsebenzi ukuba kude kumiselwe amadoda ezindaweni zetu. Ndike ndagqugula nelungu elibekekileyo lase Malmesbury (Mr. Schreiner) eliyinkokeli ye Opezishini kweli Bandla, saye sicinga ngokufanayo ukuba kunikwe ituba lentsuku ezimbalwa ukuba u Rulumeni omtsha amiswe, nokuba kuyakulunga ukuba i Bandla lingabuye lidibane de kube ngo Mvulo ozayo. Ngoko ke ndindulula ukuba i Bandla lingahlali de kube ngo Mvulo.

U Mr. SCHREINER usekele.

Lapakama i Bandla.

NGO MVULO, 17 OCTOBER.

U Mr. SCHREINER, Inkulu entsha ibeke pambi kwe Bandla izimvo zo Rulumeni omtsha. Pambili uyaleze ukuba umzi ungaboyiki ukuba banabubi babupeteyo ngakwinto zomzi; bangaba-hlobo bazo. Mayelana namazwe anga- paya bayakuzama intlalo yemvisiswano, abakukokoba napambi kwayo ne Transvaal, kodwa bawatanda onke amazwe eli, abawabalela ukuba angabantwana be- ndlu enye, angaquba ngotandano. Aba- nabutshaba kumsebenzi ka Mr. Rhodes wokuvula amazwe kwelipezulu, baya kunceda ihambiselo pambili yawo. Into abazimisele kuyo ngoku kuhlala kwe Palamente kukuweza indawo ezi- ngemali, nomanyano nge rafu zama- zibuko, bayawamkela umteto wokwe-nziwa kololiwe wo Rulumeni ongumfi, abazimisele kungenisa Mteto Wazitulo, bangati kwezayo i Palamente bangenise owemigaqo yokungeniswa kwamagama abavoti. Ute, mayelana nombuzo ka Mr. Innes, u Rulumeni uzimisele uku- yilungiselela indawo yokuncedisa u Rulumeni wase Ngilane ngemali mayelana nenxaso yenqanawa zemfazwe. Kwadunywa ngamacala omabini.

Ipepa elikulu lama Bulu, i *Ons Land,* liti u Mr. Solomon ungeniswe embusweni omtsha kuba enegama elaziwayo nase Ngilane, ukuze ama Ngesi abone ukuba ama Bulu awakurasile ukusebenza nama Ngesi azimvo zintle. Nangapandle koko ngo Mr. Solomon ama Bulu afuna ukubonisa abantsundu ukuba akana butshaba nabo, kwaye kungeko yelenqe ngakwi Netevu.

Mayelana nokuba u Mr. Solomon engena situlo, kuvakala ukuba itemba lelokuba amalungu ase Tinara nase Vryburg ayakuqetulwa, ayakunikwa isitulo kwezondawo.

Kulula Abantwana Abancinane.

Xa sukuba kuko omnye kubantwa- na bam okatazwa ngumqala, ingqele, okanye lukohlokohlo oluhlanzisayo," utsho u Mr. A. Chapman, umpati we *Advertiser,* e Durban, Natal, " ndisoloko ndibanika elika Chamberlain Lokohlokohlo. Alike lingapumeleli ekuncedeni. Ndilifumana lilunge kakulu kubantwana, laye limnandi nase mlonyeni." Izimvo zika Mr. Chapman ziyafana nezabo bouke abake balinga elika Chamberlain Lokoblokohlo. Litengiswa ngo R. Lumsden & Co., abatengisi mayeza, e Qonce.

AMACEBO MALUNGA NESIFO.

UMQOLO KE SINQE.—Hlamba kunene ngoka Chamberlain Umdambisi Wentlu-ngu, kube kane ngemini, uhlikihle kakulu kwezondawo ngalomaxesha onke. Tabata isiziba se flanele usiti nxu sibe manzi koka Chamberlain Umdambisi Wentlungu, uze ubope ngaso ezondawo zibuhlungu.

UKURUNEXA.—Ukuba unako ukulu-ngisa indawo erunekileyo, kwisituba se yure kususela ekweuzakaleni, mhlaumbi ingekadumbi, yibope londawo, lihlale limanzi kakulu ilapu ngokuti lifakwe koka Chamberlaine Umdambisi, kodwa xa seyidumbile, yafuvuka londa- wo yenzakeleyo, makungabi sabotshwa nganto, kuti ukuba kuko nto ibotshwayo ibe lilapu le cotton elomileyo libe ngxengengxenge, zihlanjwe indawo ezenzakeleyo ngo Mdambisi, kungahlikihlwa.

UKUDUMBA.—Ukuba indawo edumbi-leyo iyatyatyamba, ite-rawu, mayihlanjwe ngoka Chamberlain Umdambisintlungu, kungahlikihlwa, kubotshwe ngesiziba esomileyo ukuba kuyabotshwa. Ukuba indawo ifuvuke kodwa ayaba nazintlungu, mayihlikihlwe kunene, (kuhliawe xa kuhlikihlwayo kubekiswe ezantsi), katatu nakane ngemini xa kusetyenziswa oka Chamberlain Um- dambisi Wentlungu. 2

Icebo Lommelwane.

U Rev. G. R. Keet, umfundisi we D. R. Church e Wepener, O.F.S., ngomhla we 28 August ubale wati" Ndinovuyo ukuqinisekisa ukuba njengokuba bendi-sand ukukatazwa zintlungu esiswini ndasebenzisa elika Chamberlain le Cholera, Nesisu Segazi ngokuyalelwa ngummelwane, ndalifumana linama- ndla kakulu." Eliyeza likulu litengi- swa ngo R. Lumsden & Co., abatengisi mayeza, e Qonce.

Native Opinion & Guardian

IT would seem that the Proges- sives meant to keep Sir G. SPRIGG in office in spite of the vote of No- Confidence, but they have been cruelly sold and Sir GORDON has had to resign under peculiar, and circumstances bordering on the disgraceful. The baser sort among them admit that thus they were creating a new precedent. The reasons for the adoption of the course proposed are various and varied, but all indicate that that Party are so passionately fond of office, that they are prepared to stick to it by hook or by crook. The result is that they have considerably fallen in the estimation of right-thinking men—out here and in England. The *Daily News* has had to hint exactly what we suggested last week, that H.E. the Governor would have to remind them of Constitutional propriety after the carrying of a vote of No-Confidence in them.

IT is most amusing to follow the means by which they intended to fortify themselves QUESTIONABLE in the Treasury MEANS. Benches. These are given in the *E.P. Herald* by Mr. WALTON, M.L.A., and in the *Cape Times* by Mr. GARRETT, M.L.A., with a shamelessness which is at once astounding and discouraging, seeing that they emanate from the younger generation of politicians on whom the hopes for the future good government of the country depend. The device does not differ very much from the hackneyed one attributed to the American politician who said, " Gentlemen, them's my senti- " ments, but if you do not agree " with them tell me and I shall " change them." The Progressive Government, seeing that it has been defeated on its policy in general, and on the Redistribution Bill in particular, was resorting to the expedient of taking up the Bill favoured by its opponents, and introducing certain Railway lines, with the view simply and solely to traffic in votes. The most remark- able thing about the incident is that this outrage on the Constitution was thought a smart and a clever thing by the whole following ' Fortunately the clumsy dodge miscarried, and the politics of the country have escaped further debauchery.

BUT, nothing daunted, the Uncon-stitutional Party egged on by the gentlemen already named, are for committing yet UNHOLY HANDS another enormity. They are moving heaven and earth now to get Dr. BERRY to resign the Speakership because the Progressive Ministry has retired, the idea being to place the new Ministry in the position of having to supply the Chair from their own followers. The notion of paltering with such important institutions of the land, exploiting them for party purposes is so extremely flagitious that we are certain it will not appeal to Dr. BERRY who has given his vow that he will in no wise impair the dignity of the Chair.

THIS same group of " Progressive " politicians, again, appears to be directing its ener- ONSET gies to blackening ON the fair fame of MR. INNES. Mr. INNES, making sport of what they call his " unctuous rectitude " and "conscience," because he has not been able to get up enthusiasm for the novel " constitutional methods for keeping a defeated party in place—we cannot say in power. It is said that Mr. INNES demurred to these subterfuges, and this brought about the immediate fall of the Government. The result is that he is being gibbetted by the capitalist organs, and noend of dirt is being hurled at him by anonymous, nondescript scribes of what seems to be qualifying to be the Corrupt Party in this country. This is really too bad, and we, among Mr, INNES'S friends heartily dislike it; but we cannot help thinking that he is more or less to blame for the crusade against " rectitude," " conscience," and every principle that is of good report. We have never been able to discover why he should have decided to ally himself with a politically besmirched crowd which took up the name Progressive as a blind merely. We believe he now sees that those were right who refused to be chained to the chariot wheels of such mountebank politicians.

THE NEW GOVERNMENT.

UNQUESTIONABLY the New Ministry is one of the strong- est combinations that have ever graced the Treasury Benches in this Colony, that opinion being avowed by even hostile journals, like the *P.E. Telegraph* which says the Ministry will " be exceedingly " powerful in debate, far stronger in " fact than the occupants of the front "Opposition Bench. Sir GORDON " SPRIGG, in Opposition," very shrewdly observes our contemporary, "is " apt to sulk, and the only real " fighting man amongst those left is " Sir JAMES SIVEWRIGHT." To mark the difference one has to mention the names of Mr. SCHREINER, Mr. MERRIMAN, Mr. SAUER, Mr. SOLOMON, and then those of the front Bench men Sir G. SPRIGG, Sir. P. FAURE, Mr. RHODES, and Sir J. SIVEWRIGHT (for Mr. INNES is deemed too straight a politician by the party that delights to honour crooked men.) In respect to debating and THOSE who thought that a Bond Ministry would be one composed of, say, Dr. TE WATER, A SIGN OF Mr. VAN DEN HEEVEH, THE TIMES. Mr. VAN WYK, and men of that calibre will be very much disappointed. Our contemporaries are already saying the Ministry are not Bondmen and will not carry out the Bond policy. The mistake that those who capitulated to Sir G. SPRIGG, from a fear that a Bond Ministry would come in, made was of those who do not read the signs of the times. They were unable to differentiate between the Bond of pre-Raid days, which would not dream of working with such politicians as Mr. SAUER, Mr. MERRIMAN, and Mr. SOLOMON, because of their views on the Native question, and the Bond of later days, which will not accept Mr. RHODES and Sir GORDON SPRIGG and politicians of that ilk, notwithstanding that they would do anything to injure the Natives to please the Bond. Such persons have had their eyes to-day opened by a coalition that is in itself a guarantee that the interests of the people of this country, no matter what their nationality may be, will be thorough

THE Ministry is so formed that one may gather its policy from the names of those composing it. EXIT Its real aim is to get R^CE-FEBLING rid as soon as possible of the race line which is such a marked feature of the division on the No-Confidence question. The presence in it of the most liberal-minded political leader's, whose instincts are English, side by side with moderate fair-minded Colonists of Dutch extraction, is significant of a good deal.

As for our people, their interests were never better directly and sym-pathetically repre- NATIVE sented in a Cabinet INTERESTS since the days of the MOLTENO, and SCAN- LEN Governments. The first RHODMS Cabinet, had its " Left Wing," which enjoyed the entire confidence of our people ; but then the Bond of those days was avowedly inimical to the Natives; and looked to the then Premier, Sir J. SIVEWRIGHT and Sir. P. FAURE to watch the friends of the Natives. All that is now gone, we trust for ever. The new Ministry, so far as our people are concerned, enters under happier auspices when the Bond has been got to recognise that the interests of all must be looked after. Along the lines of justice to all, the New Ministry has our best wishes.

